# *Yintoni Umtsalane Entabeni?*

Kholwa kuphela, kholwa kuphela,
Zonke izinto zinakho ukwenzeka, kholwa kuphela.

Masithobiseni iintloko zethu ngoku.

Bawo Thixo, lowo ngumthandazo wethu onyanisekileyo ngobubusuku, sibona konke oko Ukwenzela abantu kulo mhla. Kwaye sicela Wena, Nkosi, singa singa kholwa kuphela, sikholwe nje ukuba Yona iyiNyaniso, iLizwi elibhaliweyo libonakalisiwe kuthi. Siphe ezi zinto, Bawo.

2 Ngoku ngobubusuku sifuna ukubulela Wena ngo—ngokuKhanya Osifakele kona kwiZibhalo ngale ntsasa. Kwaye siyathandaza ngobubusuku, Nkosi, kula mgca wokuthandazela, ukuba Uyakungqinela iLizwi Lakho okokuba liyiNyaniso.

3 Siyathandaza ngawo onke amabandla neenkonzo ezihlangene zingqonge u—u—umboko omncinci wokuphulaphula phandle ngaphaya, ukusuka kwisizwana, yonke indlela ukuya kutsho kuLwandlekazi lwaseNtshona, ukunyuka ukuya kwiintaba ze Arizona, ukuhla ukuya kwintili zeTexas, kuyokutsho kuLwandlekazi lwaseMpuma, konke ukunqumleza ilizwe, Nkosi, apho bahlangene khona. Iiyure ezininzi ukuqelelana, sisexesheni, kodwa, Nkosi, sihlangene ngobubusuku siyimbumba, amakholwa, elinde uKuza koMesiya. Siyathandaza, Bawo waseZulwini, okokuba Uyakumthumela Yena ngokukhawuleza usenzela iBandla Lakho. Kuba sikucela oku eGameni Lakhe. Amen.

4 Ningahlala. Imibuliso yobuKristu kubo bonke abalapha ngobubusuku. Ndiyaxolisa kuba sixinanisekile kwaye siqukene de singabinakho nokuphefumla. Nkqu nezipholisi moya, ndaweninye nopholiso moya, alunagalelo lungako, abantu baninzi kakhulu. Ukuba bekukho nje ibandla eliqhelekileyo lizele ngabantu, ezo zipholisi moya beziyakukwenza ube ngumkhenkce. Kodwa ngoku wonke ubani unesipholisi, ephekuza, kwaye isipholisi moya sivuthela kangangoko sinakho.

5 Sithumela imibuliso esuka kuLwandlekazi lwaseMpuma ukuya eNtshona, kuzo zonke izihlobo zethu kuKristu, ezimameleyo. Sithumela imibuliso ngaphaya eSan Jose, uMzalwana uBorders, iqela phezulu apha. Sithumela imibuliso phezulu ezintabeni, ePrescott, Arizona, kuMzalwana uLeo Mercier kunye neqela lakhe eliphezulu phaya lilindele uKuza kweNkosi. Sithumela imibuliso kwabo baseTucson, abahlangeneyo ngobubusuku, belinde uKuza kweNkosi. Ezantsi ukuya eHouston, Texas, kwabo balindele uKuza kweNkosi. Entla eChicago, kwabo balindele uKuza kweNkosi. Phezulu

kuLwandlekazi lwaseMpuma, eNew York neConnecticut, namaqela amakhulu phezulu phaya, alinde uKuza kweNkosi. Asinagumbi apha lokubahlalisa, ke sibathumelele nje iLizwi ngo—ngonxibelelwano lomnxeba. Sithumela imibuliso kuMzalwana uJunior Jackson ngobubusuku, kunye neqela lakhe ezantsi eClarksville. UMzalwana uRuddell, phezulu kumashumi amathandathu anesibini, kunye neqela lakhe, belindele uKuza kweNkosi. Kwaye sibuthelene apha ngobubusuku kwibandla lakuthi, umnquba, silindlele uKuza kweNkosi.

6 Kwaye ngoku, abaninzi benu mhlawumbi bebengekho enkonzweni ngale ntsasa. Kodwa ndiyathemba ukuba wonke umntu, obengekho, uyakufumana iteyiphu, ngokuba ndiyakholwa ukuba ibingowona ubungqalile uMyalezo oya ebandleni ukusukukela ku—kuMyalezo ka*Bahlekazi, Lithini Ixesha Ngoku?* Ndive intambiso kaMoya, ndizive ndikhokelwa ukuba nditsho endikwenzileyo. Ibinde, kodwa ndizive ndikhokelwa ukuba ndiyenze. Kwaye ndiyacinga iNkosi, ngeLizwi Layo, ibonisa ukuba yure yini esiphila kuyo. Kwaye iqinisekise ukuba siyaziqonda ezizinto zizimfihlelo ezenzekayo. Niyazi, iBhayibhile itshilo, "Ingqondi ziyakuqonda."

7 Kodwa izizwe nabantu bayakuba "buthakathaka kwaye babezizilumko." Khawufane ucinge, ngomqela weMerika ngoku ikwisiqingatha sobudala, malunga namashumi amabini ubudala, babuthakathaka kodwa zizilumko. Babengenazo iinqwelo ntaka zejet ngaloo mihla, kunye—kunye nezixhobo ze atom, kodwa babephila ithuba elide kakhulu. Siya sisiba buthakathaka nalumkileyo, kwaye ubulumko bethu bubo obuzakusitshabalalisa. Sizakuzitshabalalisa. UThixo akazukusitshabalalisa; ubulumko bethu buyakusitshabalalisa. Yasoloko ingalo ndlela, kwaye iyakubanjalo kwakhona.

8 Ngoku, iNkosi ithandile, kusasa kwiCawa elandelayo, ndingazi ngoku endiyakuthetha ngako, kodwa ndiyathemba ukuba iNkosi, ukuba Isivumele ukuba siphile nokuba akukho nto yenzekileyo, kwaye kube yintando Yayo, sijolise ekuthetheni omnye uMyalezo ngentsasa yeCawa elandelayo, sibe nomthandazo kwabo bagulayo kubusuku beCawa elandelayo. Ngoko kuwela kwiqashiso lam lokubuyela ekhaya e-Arizona, ukugodusa usapho ukuze abantwana babenokubhalisa esikolweni. Ngoko niyakuba . . . Siyakunazisa, kangangoko sinakho, malunga nemihlangano njengoko ivuthwa, okanye amaxesha esithe . . . iindawo esijolise ukuba kuzo. Ke, uThixo anisikelele nonke.

9 Ngoku ngobubusuku, ndisazi ukuba iyi . . . Ndisemva kwexesha ngeshumi elinesihlanu lemizuzu, indawo yokuqala, ishumi elinesihlanu phambi kweyesibhozo apha eJeffersonville; kwaye oko kumalunga neshumi elinesihlanu phambi kwentsimbi yesithoba kuLwandlekazi lwaseMpuma, kwaye ngoko imalunga nentsimbi yesihlanu kuLwandlekazi

lwaseNtshona. Ke ngoku simalungu nokutshona kwelanga apha. Kwaye ndifuna ukuthetha kuni nje inkonzo encinci, ukuzama ukufumana intambiso kaMoya, emva koko ndibize umgca wokuthandazelwa.

10 Kwaye ndifuna ibandla apha, ndaweni nye nebandla elihlanganisene kwezinye iindawo, fumana indoda, othile umzalwana othanjiswe ngoMoya; kwaye xa siqalisa ukuthandazela abagulayo, ahambe aye kubeka izandla phezu kwabo basebandleni Lakhe. Khumbula, uThixo Ukho kwindawo zonke; Yena ukho ndaweni yonke. Ke, ezantsi eTexas, ngaphaya eCalifornia, phezulu e-Arizona, naphina apho nikhoyo, abeke izandla phezu kwabo bagulayo xa siqalisa ukuthandazela abagulayo. Kwaye ndiqinisekile uThixo uyakuva aze aphendule umthandazo.

11 Into engaqhelekanga, kubusuku bangeCawa egqithileyo, kwaye intambiso ibiqhubekeka, kwaye uMoya oyiNgcwele... Ibiyinto ngobunto bayo. Andikhange ndibenawo u—umgca wokucalula inyanga ngeenyanga, ekusukeleni ndibelapha ngelinye ixesha. Kwaye emva koko uhambe unyukele phaya phantsi kwesithembiso...Akwazi ukuba Uyakuyenza lanto. Akunakuthi Uyakuyenza. Kufanele nje uhambe unyukele phaya ulinde. Ungozimele geqe. Wenza oko Afuna ukukwenza. Kodwa yima phaya uze ulinde oko Ayakwenza, emva koko yiva Yona ityhileka kuwe ngolwahlobo.

12 Kwaye ekugqibeleni kom—komhlangano, ndingazi ukuba yayingubani, kodwa kwaye kukho i—indoda ndaweni ithile kuwo umgca eyayinde, kwaye inempandla ngaphezulu, kwaye yayingumntu ogula kakhulu.

13 Kwaye kanye ekugqibeleni, kwakukho indoda eyavela apha eqongeni, kwaye ithokombise intloko yayo, kwaye ikhangeleka ibulaleka, ibambe ngasesiswini. Kwaye ndacinga kufanele ibe yila ndoda yokuqala okanye indoda yesibini, okanye naphina apho ndandiyithandazele khona, kuba yayinenkqayi kwaye yayithokombise intloko yayo; indoda ende, igobile. Kodwa ndabhekabheka ndaza ndafumana inene lihleli phaya, kodwa lalivuya. Ndacinga, "Iphi?" Ndandingenakho ukugqiba ukuba yayiphi. Ndandinakho ukuva ngemvakalelo kwaye ndiyibone indoda phambi kwam.

Ndeva kutsaleka ngale ndlela, kwaye yayisiza ngasemva. Ndakhangela kuMzalwana uNeville naba babini behleli phaya, yayingengabo. Ndathi, "Indoda ingaphakathi kulandawo yokubhaptiza emva phaya." Kwaye niyazi ukuba yayingubani? UMzalwana uShepherd. Isizathu sokuba ndingamqondi, wayehleli emva phaya equbude intloko, ethandaza.

14 Wayecinga ukuba wayezakufa, ebekucinga oko kwiiveki ezimbalwa ezigqithileyo. Umfazi wakhe wamxelela ukuba

ayokufuna izihlangu ezitsha, waza wathi, "Andisayi kuzidinga. Andizukuba lapha ixesha elinde."

15 Wahlangabezana nam ngenye imini kwi . . . phezulu kwiyadi, uMzalwana uWood, ekhwaza kwaye edumisa uThixo. Wathi, "Nditya ibacon, amaqanda, iitumato, yonke into endiyifunayo."

16 Ngokuthobekileyo wanikezela ngesitulo sakhe, wasuka phaya endleleni, kwaye ethandaza. Yabona, akudingi khadi lakuthandazelwa, udinga kuphela ukholo. Yabona?

Ngoku, andazi nokuba wayephilisiwe okanye hayi, ndathi nje, "I—indoda, ithandaza, inento engalunganga." Ndiyacinga Wayibiza into eyayiyiyo, "Ingxaki yesisu, kwaye ithandaza ngasemva emva apha. INkosi uYesu ikwenze uphile." Ngoku, kuko konke endandinokutsho. Utsalo yayilelokuba yayithandaza. Ndandinakho ukukubona oko, kodwa okwenzekayo andikwazi. Yabona?

17 Kodwa xa uyiva Yona ibuya, wonke umntu uyaqonda, xa Isithi, "ITSHO INKOSI," yabona, ayisendim othethayo ngoko; nguYe.

18 Kodwa ndasoloko ndisithi, "UYesu Kristu ukuphilisile," leyo yiNyaniso yenene. "Watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa, siphiliswe ngemivumba Yakhe." Yabona? Yabona?

19 Kodwa xa Isiza, "ITSHO INKOSI," ize ikuxelele omawukwenze nokuya kwenzeka, kuqaphele oko, kuyakuba ngalo ndlela.

20 Kodwa xa ndisithi, "UYesu Kristu ukuphilisile wakwenza waphelela," uyikholelwe, ngokuba sele Eyitshilo. Ndiphinda nje oko Akutshiloyo.

21 Kwaye umbono uphinda nje oko Akubonisileyo. Niyayiqonda?

22 Ngoku singa singakhawulezisa size siye eLizwini, ngokuba ndiyazi ukuba abaninzi benu abalapha, baneemayile ezinde abafanele bazihambe ngobubusuku. Ndiyathandaza ukuba uThixo uyakunisikelela, anincede aze anikhusele ezindleleni. Kwaye ngoku ndinqwenela ukutyhila ngobubusuku kuMateyu oNgcwele, isahluko sama-21, nomqolo wo-1 ukuya kwi-11, kuMateyu oNgcwele. Kwaye, ngoku, ukuba aninazo iiBhayibhile zenu, okanye ukuba nifuna ukubhala phantsi eziZibhalo, kulungile.

23 Kwaye kuni ningazange niwuve uMyalezo ngale ntsasa, kwaye ninezishicileli mazwi; asizange sarhwebesha, sithengise iiteyiphu. Asizange sarhwebesha, sathengisa nanye into. Maxesha wambi kwimihlangano emikhulu baye bapapashe ukuba baneencwadi emva phaya; asenzi nanye into ngazo. UMzalwana uVayle ngumbhali. Iiteyiphu, indoda eyenza umsebenzi weeteyiphu phaya iyakunixelela, asenzi mali ngeeteyiphu. Asenzi . . . Asiyiyo "iiteyiphu"; nguMyalezo. Kwaye

xa indoda ifikelela ezingcingeni zayo okokuba kungemali, ayisayi kwenza ziteyiphu kwakhona. Injalo lonto. Bendibuza malunga nako, ndicinga iiteyiphu zethu zithengisa malunga, nangaphantsi kweedola ezintlanu, okanye into ethile, isithathu ukuya kwisihlanu, okanye into ethile enjalo. Uthini? Isithathu; kunye nesine, zazo ezinkulu, ezinde iiteyiphu.

24 Kwaye umlungiseleli othile, ndabuza malunga nezinye zeeteyiphu zakhe, kwaye yayiziidola ezisithoba, malunga namashumi amabini okanye amathathu, omyalezo.

25 Ke ndiyabona ukuba uMzalwana wethu uSothmann emva phaya akabi sosityebi, nakwezinye zazo, kweziteyiphu abathi bazi—bazikhuphe. Yabona, benza okwaneleyo ukuze babe nokuqhubeka ngayo. Akunakubacela ukuba bakwenzele simahla, kuba bafanele bazithenge iiteyiphu nezinye izinto. Kwaye oomatshini bayabiza kakhulu, babiza malunga neshumi lamawaka eedola ukufumana into yokwenza eziteyiphu, into yokuqala.

26 Ngoku, ndiyaqonda kwamsinya ndi. . . sendiyipapashile okwangoku. Kodwa kukho umanyelo lweteyiphu kwakhona. Qho kwamsinya thina. . . amathenjwa, andinanto yakwenza konke konke. Andinakho noku . . . zange nakwenye intlanganiso. Asikuko—asikuko nokuvumela okanye ukuchasana. Baya kwiziphakamiso zabo; amathenjwa ayagqiba ukuba ngubani indoda elandelayo eyakwenza iiteyiphu, baze bayithumele incwadi. Koko kuphela endikwaziyo malunga nako. Bayayihoya lonto, ngokuba andinakho nkqu nokusikelela abantwana kubekelaphi malunga neeteyiphu, ke, okanye ukubhaptiza.

27 Ke ndijongise ingqondo yam kuloMyalezo, oko lolwaTsalo lweSithathu, kwaye lulo endifanele ndinyaniseke kwaye ndihloniphe kulo.

28 UMateyu 21:1 ukuya ku 11. Ndikutshilo oko ukuze niqaphele malunga ne . . . okanye nityhile iZibhalo.

> *Kuthe xa* i. . . *Kuthe xa babesondela eYerusalem, befikile eBhetefage, kwintaba yemiNquma,* . . . uYesu wesusa *abafundi* bakhe *bababini kubo,*
>
> Waza *wathi kubo, Yiyani emzaneni lo ukhangelene nani, kwa oko nofumana iesile libotshelelwe, linethole: wakhululeni, niwazise* kum.
>
> *Nokuba kukho othe wathetha into kuni,* nina *nothi, Ayafuneka eNkosini; wothi ke awathumele kwaoko.*
>
> *Ke kaloku* oku konke *kwenzeke, ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngomprofeti, esithi,*
>
> *Yithini* kwiintombi *zeZiyoni, Yabonani, uKumkani wakho uza kuwe, enobulali,* . . . *ekhwele e-esileni, lithole ke inkonyana yento ebotshwayo.*

*Baya ke abafundi, benza ngoko wayebamisele ngako uYesu,*

*Baza* bazisa *i—i-esile, nethole, babeka iingubo zabo phezu kwawo, bamhlalisa phezu kwazo.*

*Yathi ke inkoliso yezihlwele yazandlala iingubo zayo endleleni;* baye *abanye bexhuzula amasebe emithini,* bewendlala *endleleni.*

*Zaye ke* izihlwele *ebezihamba ngaphambili, nebezilandela, zidanduluka, zisithi, Hosana kuye unyana kaDavide: Makabongwe lo uzayo egameni leNkosi; Hosana enyangweni.*

*Akungena eYerusalem, wonke umzi wazamazama, usithi, Ngubani na lo?*

*Sathi ke isihlwele, Lo nguYesu umporfeti ongowaseNazarete yelaseGalili.*

29 Ngoku ukuba ndingathabatha isiqendwana koko, ngokumalunga namashumi amathathu emizuzu ngaphambi kokuba umgca wokuthandazela uqalise, ndingathanda ukuthabatha oko ukwenzela isiqendwana: *Yintoni Umtsalane Entabeni?*

30 Ngoku, ibe yedubayo kakhulu, ephakuzelisayo imini, kwaye iyimini engaqhelekanga. Sifumana uYesu apha esiza eYerusalem, elungele ukuba kwipasika. Kwaye ipasika kulapho imvana yepasika yayibulawelwa khona, kwaye igazi laliqatywa kwisihlalo senceba ukwenzela—ukwenzela isicamagushelo sa—sabantu. Kwaye Wayenyuke weza esuka eBhetefage kwaye wenyukela phezu kweNtaba yeMinquma, ekhangele ezantsi kwenye induli encinci apho iYerusalem yayakhiwe. Kwaye Wajonga, wazi ukuba olu yayilutyelelo lwakhe Yena lokugqibela.

31 Eli yayilixesha apho xa Wayezakunikelwa ezandleni zamadoda angaboni kwaye ayeza kumbulala Yena. Wayezakufa ukufa okubi kakhulu okwakhe kwafiwa ngumntu, aze angcwatywe. Wayezakungcatshwa ngaBakhe Yena, abanye bemi kanye naYe. Kwaye Yena, ekubeni enguThixo, esazi okwakusezintliziyweni zabo, esazi kwasekuqaleni ngubani ozakumnikela Yena. Kwaye esazi ukuba la ndoda yayikunye naYe eyayihleli ecaleni kwaKhe kwaye ibalela Yena imali Yakhe, nanjalo njalo, esazi ukuba la ndoda yayizakumngcatsha Yena. Kwaye esazi ukuba umnqamlezo okhohlakeleyo wamaRoma wawumlindile Yena phandle phaya. Wayesazi ukuba amanzi Akhe emzimbeni Wakhe neGazi lomzimba Wakhe ayakwahlukana, kwaye nokuba iGazi liyakuwa lisuka ebunzini Lakhe, amakhulu amathontsi anje ngombilo. Wayesazi konke okwakuphambi Kwakhe. Kwaye Wema phezu kwentaba, ejonge ezantsi eYerusalem.

32 Abantu baloo mhla, i . . . bawubiza ntoni loo mhla, "udidi olungcono lwabantu benkolo," babemthiyile Yena. Amabandla aloo mhla ayemthiyile Yena baza bamala Yena, bala yonke into emphulaphulayo Yena. Kwaye ukuba babeye kwimikhankaso Yakhe, babesenziwa amakheswa ngoko nangoko ebudlelwaneni becawa. Akumangalisi iSibhalo sathi, "Weza kwabangaBakhe Yena, baze Yena aBakhe abaMamkela." Abona babefanele ukumthanda Yena, abona babefanele ukuba ngakuYe, babengabatshabhisi Bakhe, ezona zitshabhisayo iintshaba.

33 Kwaye Wayenze iqela Lakhe elincinci ngegquba labantu abahluphekileyo, abalobi, ababuthi berhafu, abangafundanga. IBhayibhile yathi abanye babo "babengazinto, bengafundanga." Abanye babengenakho nokutyikitya amagama abo. Akazange Aye ecaweni ukuya kufumana abantu Bakhe.

34 Kwaye Akazange avumelane nabo nabanye abakhokeli beecawa. Kwaye, ngaphandle koko, Walanda kanye umkhondo womprofeti. Wohlwaya yonke into ababeyenza, njengoko ababephambi Kwakhe benzayo; ngokuba babeyinxalenye yeLizwi, kwaye Yena wayeliLizwi kwinzaliseko Yalo.

35 Kodwa embindini wako konke oko, ngezigaba zonke naba profeti bonke ababekho okanye ababeyakubakho, kuyakubakho abantu abathile abanyulelwe ukuva la Myalezo, kwaye baya kuwulandela Wona. Abo abazihoyi izihlwele. Abahoyi izigxeko zabangakholwayo. Aba—abanangxambuliswano nabo. Banento enye yokwenza, oko kukholwa nokufumana nesuntswana laLowo abanokulifumana, bawufunxe Wona njengoMariya owahlala ezinyaweni zikaYesu.

36 Kwaye uMarta wayelungiselela Yena isidlo, waza wathi uYesu kuye, "Kodwa, Marta, uzixhalabise kakhulu ngezinto zobomi, kodwa yena uMariya uxunele kwizinto ezingcono," yabona, izinto zoBomi obunguNaphakade.

37 Ngoku, sifumanisa ukuba abantu abaninzi abakuqondileyo . . . Abazange babenamfundo njengoko sinayo namhlanje, babengenamabonwakude okanye imfono-mfono, okanye nayiphi into, yaloo mhla, kodwa ngahlobo luthile kwakuthe ndi ukuba Uzakuba kwipasika. Kuba abaninzi abantu, ekubeni bengabomoya, bazi ukuba Yena wayeyilaMvana yepasika, ngokuba Yena wayeselebaxelele ngezinto ezizakwenzeka.

38 Emva koko, kakade, besazi ukuba kufanele Abe phaya, kwaye bemthanda Yena kangangoko, babeMlindile. Kwakukho isihlwele mhlawumbi esasityhala, betyhudisa ukusuka kwelinye isango ukuya kwelinye, bejonge ngayo yonke idlela, kuba babesazi ngenye yeeyure Uyakuvela. Babeqaphele.

39 Abanye babemangalisiwe ukuba yintoni ingxaki naba bantu bebaleka ukusuka kwelinye isango ukuya kwelinye. "Yintoni umtsalane?"

40 Kwaye babekhangela *kweli*cala bakhangele *kwela*cala, ukufumanisa. Bekhangela ngathi bakhangela into ethile, phantsi kokulindela kwento ethile ezakwenzeka.

41 Owu, indlela endingathanda ukuguqula ngayo isiqendwana okwemizuzu embalwa ndize ndithi, oko kuko okuyingxaki namhlanje. Abantu abakhangele ukuza Kwakhe baphantsi kokungxama okukhulu nokulindela. Singakuva ngemvakalelo, uxinezelelo. Kwaye bayafunisa, beqaphela yonke intshukumo nawo wonke umqondiso, bewuthelekisa neZibhalo.

42 Kwaye xa bebona zonke ezo zinto ebeziqikelelwe ngaYe, ukuya kutsho kanye ekugqibeleni, bazi ukuba isiphelo sasikufutshane. Bafuna ukuba phaya, ke bakhangela. Inxalenye yezihlwele yayingakuYe, kwigcuntswana. Abanye babechasene naYe, ubuninzi babo, amashumi asithoba ekhulwini ayechasene naYe.

43 Kwaye yiloo ndlela ekuyiyo namhlanje kwizihlwele zenkolo, xa kanye isihla isiya eLizwini nakuKristu, kukho malunga nesinye ekhulwini esiya kuLikholelwa. Elinye iqela aliyi kuLihoya, nokuba kwenziwe ntoni, bayakutsho isiqhulo esithile okanye bagibisele isithonga malunga naLo. Nje into enye. Ixesha, izinto aziguquki kangako, imbali iyaziphinda nje.

44 Kulungile, sifumanisa ukuba oko kwabangela unxunguphalo lobuphakuphaku. Kwafunele kubenjalo. Kufanele iyenze. Babelindile, babemangalisiwe ukuba yintoni Ayakuyenza xa Efika phaya. Babefuna ukuba phaya ukufumana yonke into Ayenzileyo. Babeyifuna Yona. Babefuna ukuyibona Yona. Babemkholelwa Yena. Abanye babevile ukuba Uyeza, kwaye benyuka baya phaya ukuya kuhlekisa Ngaye. Ngoko emva kwako konke ukuphakuzela kokungxama, imini engaqhelekanga kakhulu, ixesha elingaqhelekanga kakhulu, iicawa zilele, imithambo-luvo yabantu isekuxinezelekeni, kwakukho abantu abaninzi phaya, kwaze kwenzeka!

45 Kumphezulu weNtaba yeMinquma kuza omcinci, idoki emhlophe isiza, isihla ngenduli, kunye neqela labantu bethabathekile bekhwaza, bexhuzula amasebe osundu bewasusa emithini, besandlala neengubo zabo endleleni, bekhwaza, "Hosana kuNyana kaDavide ozayo eGameni leNkosi!" Eli . . . eli esile lincinci, uMkhweli walo wayengasinguye omnye ngaphandle kothanjisiweyo uMesiya kaThixo weyure.

46 UThixo, ngoko, Wayesenza ntoni? Yintoni umtsalane phezulu phaya endulini? NguThixo esenza imbali, kwaye uThixo ezalisekisa isiprofeto. Kwaye oko kwasoloko kusenza umtsalane. Izisa zonke izigxeko, amaxhalanga (alo Myalezo wakusasa), namakhozi ngokunjalo. Yabona? Ahlanganisana ezokuqonda okwenzekayo. Abanye beza ngokundweba, abanye beza ukuza kufumana iziphene, abanye bazela ukuzakugxeka. Nazo zonke intlobo zihlangene, njengoko sitshilo ngale ntsasa: amakholwa,

amakholwa okuzenzisa, nabangakholwayo. Yintoni esentabeni? Isiprofeto siyazalisekiswa. Ngoku sizakubona okwenzekayo.

47 Ngoku, kwiNcwadi kaZekariya, kwisahluko sesi-9 kumqolo wesi-9. UZakariya, omnye wabaprofeti, wathetha ekuMoya, esitsho oku.

> *Gcobani kunene,* Zintombi *zaseZiyon; dumani,* Zintombi *zaseYerusalem: yabonani, uKumkani wenu uza kuni: ulilungisa,. . .enosindiso; enentobeko, ekhwele e-esileni,* exhamxweni, *etholeni lemazi ye-esile.*

48 Ngoku, yayiyintoni ingxaki nabo babhali? Yayiyintoni ingxaki nabo babingeleli? Yayiyintoni ingxaki nabo bantu benkolo? Oku kwakubhalwe kumakhulu amane anamashumi asibhozo anesixhenxe eminyaka ngaphambi kokuba yenzeke, ngongqinelweyo umprofeti, kwaye yayisele ifakwe kumbhalo obizwa iBhayibhile, iincwadi ezisongwayo zeTestamente Endala. Kutheni babengenakho ukubona esasiprofeto sizalisekiseka? Isizathu esinye abangenakusibona sona namhlanje. Bathatha iLizwi likaThixo balenza alasebenza Lona ebantwini, ngemfundiso (ngezithethe) iMfundiso yezithethe zabantu.

49 Kwaye ukuba ababhali, abashumayeli, abalungiseleli, amadoda akumoya (obizwa njalo), abathanjiswa, bebenokufunda iBhayibhile, bebengasayi kumangaliswa kokwenzekayo, bebekwazi into Eyiyo. UThixo ezalisekisa iLizwi Lakhe!

50 Imbali yayisenziwa, isiprofeto sasizalisekiswa. Usindiso ehlabathini yayifika, umhla omkhulu bonke abaprofeti babewungxamele. Konke oko kwakusemangcwabeni kwakulinde loo mhla (bethu, cinga ngayo), bonke abafayo, onke amalungisa egazi lababulawelwa inkolo nabaprofeti.

51 Ntoleyo, Wayesandula ukumemeza, "Yerusalem, Owu Yerusalem, wena uxulube ngamatye wonke umprofeti Endimthumele kuni, nabulala amalungisa, kufuthi kangakanani na Ndithande ukubabuthela ndawonye abantwana bakho ngohlobo esithi isikhukukazi sisenza, ngaphantsi kwamaphiko, anavuma. Kodwa ngoku iyure yakho ifikile."

52 Yonke into eyayisemangcwabeni, Abraham, Isake, Yakobi, bonke abaprofeti, babelinde le yure.

53 Kwaye ibandla lalimfamekile kuYo. "Ngubani lo ubangela le ngxolo? Ngubani la Mfo?" Batsho ngelinye ixesha, "Asingonyana womchweli khona ngapha? Siyamazi Yena. Ubufumene phi obu bulumko? Kutheni, asimboni Eqhagamshelene nesinye sezikolo zethu. Asazi nanye incwadi Awakhe wafunda kuyo. Yintoni Yena?"

54 Wayeyimpendulo yesiprofeto somprofeti. Nanku Esiza, ekhwele exhamxweni e-esileni. Yintoni umtsalane! UThixo wayezalisekisa iLizwi Lakhe lesithembiso, iyure ebilindile ukusukela kumakhulu amane eminyaka. KwiGenesis, isahluko sesi-3 umqolo we-15, uThixo wayelwenzile uqikelelo, "IMbewu yomfazi iyakuyityumza intloko inyoka, kodwa intloko yayo iyakutyumza isithende sakhe," eso siprofeto ukuhla ngeBhayibhile esasiqikelelwe ngale Ndoda sisiza.

55 Kwaye apha kutsha nje bekukho umprofeti owema phakathi kwabo, lowo wayengongqinelweyo umprofeti, uZekariya, kwaye watsho, ukuba, "Nina zintombi zaseYerusalem nani zintombi zase Zion, gcobani, nimemeze, nidume, kuba uKumkani wenu uza kuni, enobulali esezantsi kwaye ethobekile, ekhwele exhamxhweni lemazi ye-esile."

56 Kwaye naba abo bantu ababefunda esaSibhalo, imini nemini, bemjongile Yena esiza ekhwele engena, bakhwaza, "Ngubani lo?" Yabona? UThixo ezalisekisa iLizwi Lakhe ebantwini ababefanele balazi ukuba yayiYintoni, kodwa zange bazi ukuba yayiYintoni.

57 Xa uThixo ezalisekisa iLizwi Lakhe, Lisoloko lisenza umtsalane, isoloko iyenza. Ibangela umtsalane, ngokuba Aliqhelekanga. Aliqhelekanga kakhulu, xa Ezalisekisa iLizwi Lakhe kwisiqhelo somhla, ngoba isiqhelo somhla asikholelwa kuLo. Banendlela eyeyabo.

58 Ngoku, siyabona, kwaye masibuyele eSibhalweni sithathe ezinye ezingaqhelekanga iziganeko, nje okwemizuzu embalwa, xa uThixo wazalisekisa isiprofeto Sakhe. Xa uThixo esitsho nayiphi into, Uzakuyenza. Onke amazulu nehlabathi ayakugqitha, kodwa ela Lizwi alisokuze ligqithe. Ke Lisoloko libangela isibuko, isibuko esingaqhelekanga.

59 Qwalasela indlela ehlekisa ngayo ukuba iLizwi likaThixo ku—kubantu abafanela balikholelwe Lona, noko aLiqhelekanga kakhulu bakhwaza, "Kulungile, yintoni le? Niyifumana phi lanto? Ngubani lo? Yintoni le?"

Xa, babefanele bayaduma, "Hosana kuKumkani ozayo eGameni leNkosi!" Kodwa kwakukho nje iqelana elincinci, nje iqelana elincinci.

Okwesiprofeto samawaka amane eminyaka, ngento eyona inkulu eyayinokwenzeka esizweni, ngoba onke amathemba awababafayo ayephumle phezu kwaLo, ubomi bonke obuzayo bulele kuLo; kwaye abantu benkolo, ababanga ukuba bayaLikholelwa, babeduma, "Ngubani Lento? Kwaye yintoni lo mtsalane?" Into ethile engaqhelekanga! Ikwa malunga nento enye, ayiguquki kwaphela, ngoku engaqhelekanga.

60 Masibone ezinye zezinto ezingaqhelekenga, njengoko benditshilo. Yayiyintoni umtsalane nje ngaphambi kokuba umgwebo ubethe ihlabathi uze ulitshabalalise ngamanzi?

Indoda endala, kufutshane nekhulu elinamashumi amabini eminyaka ubudala, lisakha umkhombe xa kwakungekho manzi okulidadisa. Phezulu phaya iminyaka, limi emnyango, lisakhela kude umphakathi, ngaphakathi, kwaye liwuqaba ngaphakathi nangaphandle, lisithi, "Ihlabathi lizakuginywa ngamanzi," esikhulu isigaba senzululwazi.

61 "Yintoni okwakukhanda phezulu phaya endulini phesheya phaya?" "Kutheni, yindoda endala egama linguNowa, kwaye uphezulu phaya, into endala ethabathekayo. Indoda endala imi elangeni ixesha elide. Utshe lilanga. Liphulukene negqondo yalo. Kwaye lakha into eliyibiza 'umkhombe,' kwaye lisithi amanzi ayeza esuka phezulu phaya apho kungekho manzi, kwaye izakudadisa bonke abantu; kwaye wonke umntu ongawuviyo umyalezo walo, nalowo ungasayi kuza emkhombeni, uzakutshona. Wakhe wayiva into enjalo?" Yayingumtsalane ongaqhelekanga!

62 Khawucinge xa abantu befuna ukuhleka kakhulu, benyuka baza bema phambi komnyango womkhombe bahleka. "Kutheni, uthe izakuna kwiminyaka elikhulu eyagqithayo! Utatomkhulu wandixelela ukuba wakuva phezulu apha usithi iza kunetha, kwaye usakhanda kwesisigodwana somthi phezulu apha. Kutheni ungabuyeli ezingqondweni?"

63 Kodwa yayinguThixo elungele ukungqinisisa isithembiso kwaye azalisekise isiprofeto athe umprofeti Wakhe wasenza. Into engaqhelekanga kakhulu! UThixo ezalisekisa isithembiso Sakhe kuNowa, ngelixa abanye behleka. UThixo wayelungiselela ukwenza imbali abonise abanye, nkqu nakulo mhla, ukuba Uyaligcina iLizwi Lakhe! Akukhathaliseki nokuba ikhangeleka njengengekhoyo, okanye engenasihlahla, Usaligcina iLizwi Lakhe. Wayesenza umzekelo, ngala ndoda indala ikhanda kula mkhombe, ngaba bantu apha eMerika ngobubusuku nakwihlabathi lonke. Akukhathaliseki nokuba inzululwazi ithini, bathini, *lena, leya,* okanye *enye,* Uyaligcina iLizwi Lakhe. Wayesenza imbali.

64 Yayiyintoni umtsalane ngenye imini; into engaqhelekanga yenzeka emva entlango, kwaye yayilityholo elalivutha. Waye umprofeti obhacileyo wayeme entlango. Akazange weva lizwi, zange ave sandi, kodwa wajonga waze wabona into engaqhelekanga kumphezulu wentaba. UThixo wayezama ukutsala umdla wakhe. Yinto ekwanye nanamhlanje!

65 UThixo wayelungiselela ukuzalisekisa iLizwi Lakhe, ngomprofeti Wakhe u-Abraham, "Imbewu yakho iyakuphambukela kumhlaba wasemzini iminyaka engamakhulu amane. Ndiyakubabuyisa ngesandla esithe nkqi."

66 Kwaye Wayelungisa indoda ukwenzela umsebenzi, njengoko Wayesenza umkhombe ukwenza indawo yokhuselo yabo bonke ababeyakukholwa. UThixo uvuthisa elityholo, kwaye lomalusi

gusha, uMoses, wathi, "Ndiyakutyekela nje ecaleni ndibone into ekuthethwa yilento ingaqhelekanga." Kwaye xa Wamenza uMoses ukuba afike phezulu etyholweni, Wathetha naye.

67 Yayiyintoni umtsalane kamva kwiholo likaPilato, xa lo malusi gusha walahlela phantsi intonga yaza yajika yayinyoka? UThixo ezalisa isithembiso Sakhe kuMoses. Yayiyintoni umtsalane kuLwandle oluFileyo, xa amahashe kaFaro onke emangalisiwe, xa abona umoya usihla ezulwini uhlula uLwandle oluBomvu ukusuka ekunene ukuya ekhohlo; kwaye igquba lahluphekileyo amakhoboka, ehamba emsebenzini kaThixo, anqumla kuloo mhlaba womileyo? Yayiyintoni? UThixo egcine iLizwi Lakhe. Ukufa kwabhekela phaya, abantu abaphilayo banqumla; kwaye abantu abafileyo ngokwasemoyeni bazama ukulinganisa, baza batshona. UThixo ezalisekisa isiprofeto kwaye esenza imbali. Oko yayingumtsalane kuLwandle oluFileyo.

68 Yayiyintoni umtsalane kusuku lwesibini emva koko, kwiNtaba yeSinayi, xa bonke abantu babeyalelwe ukuba bangayi kubafazi babo, xa bacelwa ukuba bahlambe iingubo zabo baze bazingcwalise, baza bahlanganela entabeni xa indoda ebizwa ngoMoses yayithe idibene noThixo kwiNtsika yoMlilo? Kwaye uThixo wayethe kuMoses, "Ndizakuhla Ndibe phakathi kwabantu. Ndizakuqinisekisa oko Ndikuxelele kona, nokuba NdinguBani. Ndizakubabonisa ukuba ndingulaa Thixo." Oko yayingumtsalane, uThixo ezalisa iLizwi Lakhe.

69 Yayiyintoni umtsalane ngenye imini embalini, xa isizwe sasimlibele uThixo, xa abantu babelukhuni kwaye bengenamdla, apho ababingeleli bonke babemke nomrhiba waloo mihla, abaprofeti beprofete ngokwentando yababingeleli? Kwaye ngaloo mhla, njengesiqhelo, babenendoda enye ababecinga yethabathekileyo. Yayithetha ngabafazi abaziqabileyo, nayo yonke into, kwaye yayikokuthile owohlukileyo uhlobo lomfo. Kwaye lomfo omdala wehla wathi kukumkani, "Akusayi kubasabakho nombethe obizayo . . . uhlayo de ndiwubize ngokwam."

70 Kwaye siyafumanisa, emva koko, okokuba wazimela waza wabalekela kude kuyo, kwaye wazimela ngaphandle entlango ndaweni ithile. Intlangano yayicinga mhlawumbi ulambe de wafa okanye utshabalele; kodwa wayesondliwa kakuhle kakhulu, kwaye esezwa, kanjalo. Kwaye wayenjalo, wehla waza wathi, "Aniboni ukuba ndino ITSHO INKOSI? Ngoku, ukuba anonelisekanga noko, masinyukeleni encotsheni yentaba size sibonakalise ngubani uThixo," ngokuba wayenomnye umbono usuka eNkosini.

71 Wathi, "Zikhetheleni nina i—isibingelelo, nisenze, ni—nize nikhethe inkunzi yenkomo nizixhele. Ndiyakwenza isibingelelo seNkosi, kwaye nam ndiyakubeka inkunzi yenkomo

kwesam. Sonke siyakwenzela idini, size sivumele uThixo onguThixo aphendule." Wayengenakuyenza lonto ukuba iNkosi yayingamxelelanga; wakutsho oko kamva, "Ndikwenzile oku ngo . . . konke oku, ngokomyalelo Wakho, Nkosi."

72 Kodwa yintoni umtsalane? Yayinababingeleli abangamakhulu amane beme endulini, kunye nokumkani phezulu phaya kwinqwelo yakhe yomkhosi, kunye nazo zonke izikrweqe zakhe namahlakani akhe emngqongile. Kwaye lo mdala, udlakadlaka, exhonti ngenkangeleko indoda, onempandla, neenwele ezivuzayo ebusweni bakhe, isiqwengana sofele lwegusha lumbhijele, noboya kumzimba wakhe wonke, eme phezulu phaya enentonga esandleni sakhe, negutyana leoli kwesinye isandla; esandula kuthi, iminyaka emithathu nesiqingatha ngaphambi koko, "Akusayi kubasabakho nombethe uwayo de ndibize kuyo, yona," ethatha indawo kaThixo, ngezinto ezinjalo ezinjengezangqa nezithunzi, nako konke ababethetha ngako. "Kwaye nanku laa mthabatheki mdala eme phaya endulini, enyusa bonke aba bantu phezulu phaya." Yayiyintoni la mtsalane? YayinguThixo elungiselela ukungqinela umprofeti Wakhe ukuba ulungile. YayinguThixo ezalisekisa isiprofeto. UThixo kananjalo esenza imbali, ezalisekisa iLizwi.

73 Kwiminyaka engamakhulu ambalwa emva koko, kwakukho indoda eyayithanjiswe ngala Moya ukwamnye, kwaye yeza iphuma entlango, inganxibelelananga nomnye umbutho; nangona uyise wayeyindoda yombutho, umbingeleli woluhlu. Kodwa yaphuma entlango, inxibe izibhijele ngofele lwegusha, uboya ubuso bonke bayo. Endaweni yokuba ibe ngwevu, yayimnyama. Yayiyintoni umtsalane walendoda owatsala yonke iYerusalem noYuda? Abanye baphuma bathi, "Kukho indoda endlongondlongo ezantsi phaya. Izama ukuntywilisela abantu emanzini. Ngubani owakha weva ngento enje ngaleya?"

74 Abanye babendwebile, besithi, "Kufanele ibe nguMesiya." Omnye wabo wathi, "Ingaba ngomnye wabaprofeti." Babengazi emabakucinge. Kodwa yayiyintoni? YayinguThixo ezalisekisa u-Isaya 40, apho Wathi, "Yabonani . . . " into Ayakuyenza kwiintsuku zokugqibela, indlela Ayakuthumela ngayo isicaka Sakhe nento esiyakuyenza.

75 Emva koko siyafumana, kwiiveki ezimbalwa emva koko, la ndoda iqiniseke kakhulu ngomyalezo wayo, de yathi, "Kukho Othile omi phakathi kwenu, ozihlangu Zakhe ndingafanele kuziphatha. Uyakunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele noMlilo, njengoko ndibhaptize ngamanzi."

76 Ngenye imini eqhelekileyo, iNdoda esentsha, malunga namashumi amathathu eminyaka ubudala, yehla yaza yabhaptizwa. Kwaye xa le Ndoda yezayo, kwakukho ongako umtsalane ngomprofeti, umprofeti wenza ngokungaqhelekanga

ngala mhla. Ibandla zange libe nokuzinceda lingajongi isenzo sala mprofeti.

77 Xa wayexoxa nababigeleli ngaphesheya komlambo, bathi, "UThixo wakhe esi sibingelelo. UThixo usixelele ukuba senze lento. UMoses ngumprofeti. Sikholelwa uMoses. Idini alisokuze liyekwe."

78 Ndiyamva uYohane ephendula, esithi, "Anifundanga na eSibhalweni oko wakutshoyo uDaniyeli umprofeti, 'Umbingelelo wemini uyakupheliswa'? Kwaye loo yure ifikile! Anifundanga na oko akutshiloyo u-Isaya kwisahluko sama-40, 'Izwi lalowa udanduluka entlango, yilugiseni indlela yeNkosi'? Kukho iziprofeto ezibini kum. Kwaye enye into, animqondanga umprofeti wethu kumakhulu amane eminyaka eyagqithayo, uMalaki, xa wathetha kwisahluko sesi-3 wathi, 'Yabonani, Ndithumela umthunywa Wam phambi kobuso Bam, ukuze alungise indlela'? Anazi oku kuzalisekisa isiprofeto?" Isiprofeto sasizalisekiswa!

79 Kwaye malunga nelo xesha umprofeti wajika wathi, "Yabonani, nantso iMvana kaThixo ethwala isuse isono sehlabathi!" Ngoku yintoni umtsalane? Iguquke kumprofeti yaba sisiprofeto sakhe.

80 Ngoku qwalasela yintoni eyenzekayo. Naku kusiza iNdoda eqhelekileyo, engaziwa mntu, unyana womchweli, isiza emanzini. Xa uYohane, umprofeti omkhulu, wathi, "Ndifanele ndibhaptizwe nguWe. Kutheni usiza kum Wena?"

81 Wathi, "Vuma okwakaloku nje. Kodwa, njengomprofeti kunye neLizwi, kusifanele thina ukubuzalisa bonke ubulungisa."

82 Ke waqonda iDini kufanele lihlanjwe ngaphambi kokunikelwa, waza wambhaptiza Yena.

83 Ngoku kukho omnye umtsalane owenzekayo xa Wenyuka waphuma emanzini. Lo mprofeti owayethembekile ekwaziseni isigaba sakhe kunye nexesha, wajonga phezulu waza wabona amazulu evuleka. Wabona uMoya kaThixo, njengehobe, usihla phezu Kwakhe, kunye neLizwi lisithi, "Lo nguNyana Wam oyintanda eNdikholisiweyo Nguye." UThixo wayengqinela umyalezo womprofeti, into eyayintsala umdla emlanjeni iYordane.

84 Umzalwana uculile ethubeni eligqithileyo, okanye ebefanele acule, "Entabeni ekude kumi umnqamlezo wakudala odlakadlaka." Yintoni umtsalane eNtabeni iKalvari? Xa sibona ilizwe lezenkolo limgwebile Yena, norhulumente wamaRoma emgwebele ukufa Yena. Kwaye apha Wayejinga phakathi kwezihange ezibini, enxanwele ukusela, iGazi liphuma emzimbeni Wakhe. Apho Ejinga, ekhala, "Thixo Wam, Thixo Wam, Undishiyeleni na Mna?" Kwaye abantu benkolo beme apho, bejonge kulonto, kukuncinci abakwaziyo ukuba isiprofeto

seTestamente Endala sasihlangatyezwa kanye phaya eKalvari ngela xesha.

85 UDavide ngokwakhe wabhala, wenza. . .wangena kuMoya njengabo bonke abaprofeti, wenza ngathi nguye. UDavide wakhala, kwiNdumiso ama-22, "Thixo Wam, Thixo Wam, Undishiyelani na Mna? Onke amathambo Am andijamele Mna. Bazihlaba izandla Zam nenyawo Zam." UDavide, ethetha ngathi yayinguye. Kwaye yayingengoDavide, yayinguKristu kuDavide.

86 Kwaye apha kwa eso siprofetho esaphumayo, sabo bonke abaprofeti abahlukeneyo, sasizalisekiswa eNtabeni iKalvari. Yintoni umtsalane eNtabeni iKalvari? UThixo ezalisekisa iLizwi Lakhe.

87 Omnye umtsalane wawusentabeni, wawungoMhla wePentekoste, xa bonke babekwisidlo senkolo, becinga ukuba babasusile bonke abathabatheki. Babengavanga nto malunga nabo iintsuku ezilishumi. Ngequbuliso, njengebubu leenyosi, bagqabhuka bephuma kumphezulu wesakhiwo, baphumela ezitratweni, ukukhwaza nokuqhubekeka.

88 "Yintoni le? Kuthetha ukuthini oku? Ingaba bonke aba bantu banxilile?"

89 Qaphela! Waza umprofeti wema phakathi kwabo, njengocwangco lwabaprofeti lufanele lubenjalo, wathi, "Nina madoda akwaSirayeli, nani abahleli kwaYuda, eYerusalem, makwazeke oko kuni, waphulaphuleni amazwi am. Aba abanxilanga njengoko nicinga ukuba banjalo. Kodwa oku koko okwathethwayo yiNkosi ngoYoweli, umprofeti, 'Kuyakwenzeka ngemihla yokugqibela, Ndiyakuwuthulula uMoya Wam phezu kwayo yonke inyama.'" Oko yayingumtsalane.

90 Abantu benkolo, emva kokubethelela iQhawe loBomi, nayo yonke into, noko zange basibone isithembiso sokuza kukaMoya oyiNgcwele. Umtsalane, "Ngubani na lo? Kuthetha ntoni oku? Yintoni ingxaki naba bantu?"

91 Owu, bethu! Ikwa yinto enye nanamhlanje. Siyakutsiba okuninzi koku ukuyizisa kule yure. Into ekwanye inamhlanje. Into ekwanye iyenzeka. Umbuzo omnye uyabuzwa. "Yinkxokozelo yantoni leya?" Ikhangeleka ingubhentsu bhentsu esitratweni, iimoto ezisuka eMichigan ukuya eFlorida, ukusuka eMaine ukuya eCalifornia. Ngale ntsasa xa bendiqhuba, okanye ngqo emva kwemini, besisihla ngesitrato, umfazi nam sijonga amaphepha-mvume ezimotweni. Kulapho ndacinga ngalo mxholo.

"Ithetha ntoni lento?"

92 Njengoko Lalisitsho, "Apho sikhoyo iSidumbu, apho amakhozi ayakuhlanganisana."

93 Ndathi kumfazi wam, "Sthandwa, uyakhumbula kubusuku obugqithileyo xa bekufanele ndivalelise kuye wonke

obalulekileyo kum apha emhlabeni, ukuze ndiye emasimini ukuya kuqalisa into athe uThixo mandiyenze? Ucule la ngoma."

Owu, bayakuza besuka eMpuma naseNtshona,
Basuka kwimihlaba ekude,
Ukuza kudla noKumkani wethu, ukudla njengabamenywa Bakhe;
Indlela abasikeleleke ngayo aba baphambukeli!
Bekhangelene nobuso Bakhe obungcwele
Bukhazimla luthando oluNgcwele;
Abanyulwa ngabamxhamli benceba Yakhe,
Amatye anqabileyo kwisitshaba Sakhe.

94 Yilonto umtsalane uyiyo. IMbewu kaThixo eyanyulwe ngexa elingaphambili engenakwenza nto ngaphandle kokulandela Lona, ithetha okungaphezu kobomi kuthi. Thatha ubomi bethu, kodwa sukulithatha Lona eliya. Yintoni umtsalane? UThixo, njengesiqhelo, ezalisekisa iLizwi Lakhe. Uzalisekisa iLizwi likaZakariya kwakhona, lomprofeti uZakariya.

95 Apho ndifunde umqolo wesi-9 ngethuba eligqithileyo, xa uYesu wangena etempileni Yakhe, ekhwele. . . okanye engena eYerusalem, ekhwele kwelincinci, elimhlophe i-esile, isiprofetho sasizalisekisiwe awasitshoyo uZakariya. Nasi Sona apha, "Gcobani kunene, Zintombi zaseZiyon. Dumani, Zintombi zaseYerusalem. Yabonani, uKumkani wenu uza kuni; Ulilungisa, enosindiso; enentobeko, ekhwele e-esileni, exhamxweni etholeni lemazi ye-esile." Yilonto eyayingumtsalane eYerusalem, kwikomkhulu lezenkolo.

96 Ngoku siyabona ukwenzeka kosuku lokugqibela! Masityhile nje amaphepha ambalwa, kuZakariya, size sibone oko wakuthethayo malunga nalo. Masityhile ngoko ngemihla yokugqibela. Eso yayisisigaba esisembindini; masityhile ngoku kwimihla yokugqibela. Size sityhile kuZakariya, isahluko se-14, size siqalise ngomqolo we-4. Phulaphula! Kwaye siyakufunda ukuhla indawana yeSibhalo, malunga nemiqolo esithoba, ukusuka kwi-4 ukuya kwi-9. Phulaphulisisa. Kwaye iprofeta ngoKuza kwaKhe, imihla yokugqibela. Phulaphulisisa ngoku. Lona ngu ITSHO INKOSI. ZiziBhalo, Zakariya 14. Khumbula uZakariya 9, into Esiyithethayo? Kwaye zange basiqonde Sona. Ngoku yintoni namhlanje? UZakariya 14, ethetha ngoKuza Kwakhe.

*Kwaye ziyakuma iinyawo zakhe ngaloo mini phezu kwentaba yeMinquma,* kwakhona, *ephambi kweYerusalem ngasempumalanga,* i*candeke intaba yeMinquma phakathi* ise *ngasempumalanga* ise *nangasentshonalanga, ibe sisihlambo esikhulu kakhulu;*. . . sisunduzeke *isiqingatha sentaba sisinge entla, esinye isiqingatha*. . . *sayo sisinge* ngase*zantsi.*

> *Nosabela esihlanjeni seentaba; kuba isihlambo seentaba ezo siya kufika* nase *Atsele: nisabe, njengoko nasabayo, ngenxa yenyikima* emihleni *ka Uziya ukumkani wakwaYuda:. . .*

97 Enye inyikima icanda ivula umhlaba! Ukuba ufuna ukulandela Isibhalo apha, qwalasela kumqolo we-5, ithetha ukuba ukuchachamba kweNtaba yeMinquma ingenxa yenyikima, kwaye oku kungqiniwe ngu-Isaya 29:6 neSityhilelo 16:9. Ngokuchanekileyo! Yintoni? Umprofeti omnye echaza ngokuza Kwakhe kokuqala, wabona uKuza Kwakhe kwesibini. Qwalasela, "Njengemihla yenyikima." Yabona zenza ntoni iinyikima? Yabona uqikelelo lwazo?

> *. . .kwaye uYEHOVA uThixo* wakho *uyakuza, kunye nabo bonke abangcwele* bakhe.
>
> *Kothi ngaloo mini,* (haleluya) *ngaloo mini, kungabi mhlophe iinkwenkwezi ezinendili zibe luzizi,* okanye *zibemnyama:*
>
> *Kodwa iyakuba yimini eyodwa* kunye*. . .imini eyodwa iyakwazeka kuYEHOVA, ayimini, ayibusuku: kodwa kuyakwenzeka, ngexa langokuhlwa kube mhlophe.* (Owu Thixo!)

98 "Kuyakubakho ukuKhanya ngexesha langokuhlwa," umprofeti omnye. Kwaye abantu bamfamekile! Yintoni umtsalane? Masifunde eliqelana imiqolo.

> *Kwaye iyakuba kula mhla, apho* a*manzi aphilileyo ayaku*phuma *eYerusalem; isiqingatha sawo ayakubheka* ngaku*lwandle lwangaphambili, nesiqingatha . . . sibheke* ngaku*lwandle lwangasemva:* e*hlotyeni nase . . . ebusika kuyakubanjalo.* (IVangeli iqhubeka; macala kumaYuda neeNtlanga.)
>
> *Kwaye* UYEHOVA *uyakuba ngukumkani ngaphezu . . . komhlaba: ngala mini,* kwaye *iyakubanye* UYEHOVA, *negama layo linye.*

Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa, (injalo)
Indlela eya eLuzukweni niyakuyifumana ngokuqinisekileyo;
Endleleni yamanzi kukho ukuKhanya namhlanje,
Kungcwatywe eGameni elihle likaYesu.
Batsha nabadala, guqukani kwizono zenu zonke,
UMoya oyiNgcwele uyakungena ngokuqinisekileyo;
UkuKhanya kwangokuhlwa kufikile,
Iyinene ukuba uThixo noKristu baNye.

Yabona apho sikhoyo?

> Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
> Imiqondiso abathi abaprofeti bethu bayichaza; (yokuba inyikima kwiNtlanga kumhla wokugqibela)
> Imihla yeNtlanga ibaliwe, inentlungu ezixinanisayo;
> Buyelani, Owu bagxothiweyo, kowenu.

99 Nina nikhutshelwe ngaphandle, nezityeya zithwelwe ziinqwelo ezintsha ezitsalwayo, sukani apho phambi kokuba ukufa kunithwaxe. UThixo uLiqinisekisile. Liyakubanjalo.

100 Masityhileni ngaphaya kwesinye Isibhalo kwiTestamente Endala, uMalaki isahluko se-4, size sifunde esiya sincinci isahluko se-4.

> . . .*yabonani, iyeza imini, eyakuvutha njengeziko; kwaye bonke abakhukhumeleyo, ewe,. . .bonke abenzi bokungendawo, bayakuba njengen*diza:. . .

101 Ngoku, oku asi . . . Lowo nguMalaki 3, yayikukuza kokuqala, ngoku naku ukuza kwesibini. Nkqu noGqirha Scofield apha, ngokuqinisekileyo andingqinelani naye kwimibhalwana yakhe yengcaciso, kodwa unayo idwelisiwe kanye apha. "Umyalelo kaYohane," ukuya kuMalaki 3; kunye, "UKuza kwesibini kukaKristu," kunye no-Eliya kuqala. Kulungile.

> . . .bonke abakhukhumali ba*ya*kutsha, *utsho uYEHOVA wemikhosi,* kwaye *ayisayi kubashiyela ngcambu nasebe.* (Uphi "uNaphakade" wesihogo ngoko?)
>
> *Kodwa kuni abaloyikayo igama lam iLanga lobulungisa* liyakuphuma *line*misebenzi *yempiliso*, *impiliso emaphikweni alo;*. . .ni*yakuhamba, nidlobe; njengamankonyane esitali.*
>
> Ni*yakunyathalela phantsi abangendawo;*. . . *bayakuba luthuthu phantsi kwentende zeenyawo zenu* ngaloo *mhla endiyakuyenza ngayo lento, utsho uYEHOVA wemikhosi.*
>
> *Khumbulani*. . .*umthetho kaMoses umkhonzi wam, endamwiselayo*. . .*yena eHorebhe ngawo onke amaSirayeli,*. . .*imithetho n*ezigwebo.

102 Apha kukuza kuka-Eliya.

> *Bonani, Ndiyakuni*th*umelela u-Eliya umprofeti*. . .

103 ISibhalo sokugqibela esivalayo kwiTestamente Endala!

> . . .Ndi*yakuni*th*umelela u-Eliya umprofeti ngaphambi kokufika* kwala*mhla mkhulu nowoyikekayo kaYEHOVA:*

104 Ngoku, yayingenakuba nguYohane. Hayi. Yabona, ihlabathi zange litshiswe kwaye amalungisa ahambe phezu kwabangendawo. Yabona? Hayi, hayi.

> . . .ngaphambi *kwenkulu neyoyikekayo imini kaYEHOVA:*
>
> *Kwaye uyakubuyisela* iintliziyo *zooyise kubantwana, nee*ntliziyo *zabantwana kooyise, hleze ndize ndiwubethe umhlaba ngesibetho.*

105 Qwalasela ukuchana koMoya oyiNgcwele, okokuba Awuyi kubhidanisa oko kuza kubini kuka-Eliya. UMalaki 3, uthe, "Yabonani, Ndithumela umthunywa Wam phambi kobuso Bam." UYesu wabuzwa malunga noYohane; Wathi, "Ukuba ningayamkela, lona ngulowo umprofeti atshiloyo, 'Ndiyakuthumela umthunywa Wam phambi kobuso Bam.' Lona ngu-Eliya ebekufanele eze." UMalaki 3.

106 Qwalasela iSibhalo siyikhupha ngokuchanekileyo kakhulu. Qaphela into oku. . .ukubonisa i. . .abo bafuna ukukholelwa, abo bafuna ukubona. Khumbula, uYesu esima embindini weSibhalo, ngoba ingxenye yaso yayizaliswe ngoko, intsalela iyeyoKuza Kwakhe kwesibini? "Ukushumayela unyaka owamkelekileyo weNkosi, ukubopha iintliziyo ezaphukileyo," waza wema; hayi "ukuzisa umgwebo eZintlangeni" kude kube kuKuza Kwakhe kwesibini.

107 Qwalasela esi Sibhalo apha sihambelana noko. "Kwaye yena, u-Eliya, uyakubuyisela iintliziyo zooyise kubantwana." (Ngoku ukuthetha ngoMalaki 4, hayi ukuphixaniseka, okanye uMalaki 3.) UYohane, Eliya, oweza ngemihla phambi kokuza kokuqala kukaKristu, wabuyisela iintliziyo zamaqhawe amadala ooyise kumyalezo wabantwana, umyalezo omtsha.

108 Ngoku qwalasela. "Neentliziyo zabantwana kooyise." Ekuzeni kwakhe kwesibini, kwimihla yokugqibela, wabuyela emva kuKholo lwabapostile kwakhona. Yabona indlela iSibhalo esingqamene ngokungqibelela ngako?

109 Oko yayikukuphela kweTestamente Endala, iTestamente Endala. Ngoku siyabona ukuba kukho ukuKhanya ngexa langokuhlwa. Yintoni Kona? Ngumphezulu, iNtaba eMphezulumithi.

110 Njengoko nditshilo ngale ntsasa, sinyuke ngamahlelo, nge (hayi umthi we-orenji) njengoko bendithethile ngale ntsasa, kodwa sibe nembambusi, ilamuni, zonke iintlobo zezinye izinto ebezingekho njengesiqalo konke. Kodwa emveni. . . Ningayiphosi Yona. Nantsi isiza Yona. Emva kwawo oke amahlelo edlale indawo yawo, khange abenako nokunye ukuKhanya indawo yokuqala, kuyakubakho imini engasayi kubizwa mini okanye busuku.

111 Yintoni abayenzayo? Yintoni abayenzayo? Yintoni i—ilamuni eyenzayo kumthi we-orenji? Ithatha ubomi bemvelo be-orenji obunyukayo ize ubugqwethe ibenze ilamuni. Yilonto amahlelo akwenzileyo eLizwini likaThixo, alenze iLizwi likaThixo alabi namandla ngezithethe zawo. Lowo ngu UTSHO UMOYA WENKOSI. Bazise iilamuni, imbambusi, hayi i-orenji.

112 Kodwa yintoni ayitshiloyo umprofeti? Okwamnye otshiloyo kumxholo wethu ngobubusuku, "Gcobani, Zintombi zaseYerusalem, dumani kakhulu, zintombi zaseZiyon, ngokuba uKumkani wenu uza kuni, enobulali ethobekile, ekhwele exhamxweni etholeni lemazi ye-esile," qaphela la mprofeti mnye wathi, "Kuza ixesha lovuthiso." Ilanga lithunyelwe emhlabeni ukuvuthisa isiqhamo. Kutheni singavuthwa? Akukho siqhamo sokuvuthiswa. Kodwa uBomi busatyhutyha.

113 Iza inyuka ngembambusi, ukuba ibe yi-orenji, ifumaneka izimanyanisile; yayiyimbambusi. Ihambile kwakhona, iphumile ngela xesha iyilamuni. Yaqhubeka kwakhona, yajika yaba yinto ethile engenye. Kwaye ekugqibeleni, umphezulu womthi, ujikwe waba ngumxube we-orenji nembambusi, ntoleyo isisiqingatha se-orenji, nesiqingatha selamuni; umxube, into egqwethekileyo; ifikelele ekugqwethekeni, ikhula kula mthi mnye; ikhasi, "iphantse ilahlekise nabaNyuliweyo." Ikhangeleka ngathi yi-orenji, kodwa asiyiyo.

114 "Kodwa kuyakubakho ukuKhanya," xa lona likhula ligqitha umbutho. Xa liphuma ngaphaphaya kombutho, iyatyatyamba kwakhona, liyakuvelisa ama-orenji njengoko lalinjalo xa laya eluthulini, kwaye kuyakubakho ukuKhanya.

115 Yintoni lo mtsalane; yintoni le yenzekayo? Izalisekisa iLizwi likaThixo. Kukho amangqina amabini eTestamente Endala, awokuba oku kuyakwenzeka.

116 Masithababathe uYohane 14:12, weTestamente Entsha, uYesu wathi.

> . . .*Lowo ukholwayo kum, imisebenzi endiyenzayo uyakuyenza naye;*. . .

117 Kananjalo, kuLuka 17:22 ukuya ku-30, Wathi.

> Njengoko kwabanjalo ngemihla kaLote, ngaphambi kweSodom, itshiswe, kuyakubanjalo ekubuyeni koNyana womntu, loo *mhla xa uNyana womntu* e*tyhilwa*.

118 Owu, jonga nje eZibhalweni! "UNyana womntu," uYesu Kristu okwanguye izolo, namhlanje, naphakade, ukhule wagqitha amahlelo, ukhule waya kumphezulu woMthi. Utheni kuYohane 14, okanye 15? "Lonke isebe elikuM, elingavelisi siqhamo, liyakugawulwa lithenwe, liphoswe emlilweni litshiswe. Kodwa lonke isebe eliyakuvelisa isiqhamo, liyakuhlanjululwa."

119 Owu, kuyakubakho eyenene imvula yangaphambili neyakamva kwimhla yokugqibela phezu kwela qela lincinci eliza Naye ngela esile lincinci, lithobekile kwaye linobulali, hayi ihlel-. . . okanye ihlelo, likhwaza, “Hosana kuKumkani ozayo eGameni leNkosi!” Yintoni ingxaki namhlanje? Yintoni umtsalane entabeni?

120 Kungekudala ngethuba eligqithileyo, ndimi kule pulpiti, kwatshiwo nguMoya oyiNgcwele, “Umhla uyakufika xa beqhuba isiqobo phambi kwendlu yakho; bayakususa isango lakho. Ke, oko, uyakukugqitha, ungabi namsindo.” Ndalibona isango lam likrazulwe lilele phezu kwenduli. Ndayibona induli phambi kwam, yombiwe, iibhodi nezinto zonke zilele khona apho into ethile izibotyozile. Wathi . . .

Ndajonga, kwaye nanko omncinci uRicky owayefike phezulu phaya wawisa elasango, wakwenza oku. Ndathi, “Kutheni ungandixelelanga?” Wazenza onobuchule kum, ndaza ndambetha. Kwaye xa ndakwenzayo oko, ndathi, “Andikwenzanga oko ukusukela ndandiseqongeni lamanqindi, kodwa bendifuna nje wena wazi,” kwaye ndamntlitha. Kwaye xa ndamwisayo, ndamphakamisa kwakhona ndaphinda ndamwisa. Ndamphakamisa, amatyeli amathathu okanye amane, emva koko ndamkhabela ngaphaya kwenduli. Ke emva koko ndaya ngaphaya, ndaza ndathi, “Lonto ayilunganga.” Ndamphakamisa ndaxhawula izandla zakhe, ndathi, “Andinamsindo ngakuwe, kodwa bendifuna nje wazi ukuba akunakuthetha nam ngolwahlobo.”

Emva koko xa ndajika ndibuya, uMoya oyiNgcwele wayeme phaya esangweni, wathi, “Ngoku gqitha oku. Xa esa siqobo siwisiwe, jika uye ngasentshona.”

> Le Ncwadi, yonke into endiyidingayo,
> Le Ncwadi siSinongo esilungileyo,
> Indlela ekhokelela ekugqitheni ezingxakini
>   zam. Amen!

121 Kwaye la Ncwadi liLizwi, kwaye iLizwi nguThixo. Gqitha kwingxaki zakho, Liyakukuxelela into omawuyenze.

122 Kwiminyaka emithathu eyagqithayo ndeva umhlobo wam, unocanda wedolophu, uhlala kwindledlana esezantsi ukusuka kum, eqengqa isiqobo. Ndaya phaya ndathi, “Yintoni ingxaki, Mud?” Unyana kaMnu. King, umhlobo wenene.

Wathi, “Billy, bazakuyenza mbaxa le ndlela.”

123 Niyakhumbula nonke. Ndathi, “Ingaba yibhulorho.” Ndamxelela uMzalwana uWood, ndathi, “Wugcine umhlaba wakho. Mhlawumbi la bhulorho iyahamba ize kufika apha, into ethile.” Indledlana yayikrazulwe; izitena, amatye, esasazekile kwindawo yonke. Ke wathi . . . ndathi, “Wugcine umhlaba wakho.” Ngoko xa nda . . .

UMnu. King wandixelela ukuba izakwenzeka.

124 Ndangena, ndathi kumfazi wam ehleli phaya, "Sthandwa, kukho into ebhaliweyo malunga nokuya. Ingu ITSHO INKOSI, ndaweni ithile."

125 Ndangena ndathatha incwadi yam, ndajonga kuyo, kwaye yathi, "Iyakwenzeka . . . " Isibhozo seminyaka kamva!

126 Ngoko xa ndajonga kuyo, ndathi, "Lixesha ngoku, sthandwa, kufanela siphethukele entshona."

127 Iintsuku ezimbini emva koko, ndimi egumbini malunga nentsimbi yeshumi ngenye intsasa, ndangena kuMoya kaThixo. Ndabona iqela lamahobe ebhabha, ndazijonga zona iintaka ezincinci. Niyayikhumbula. Ndabona iiNgelosi ezisixhenxe kwimo yepyramid, zisiza zikhawulezile kum. Zathi, "Phethukela ngasentshona, yiya eTucson, yiba ngamashumi amane eemayile kumntla-mpuma. Kwaye uyakuchola utshungu," okanye umalusi-nkomo, bayibiza njalo phaya, "ulisusa ezimpahleni zakho."

128 UMzalwana uFred Sothmann, ehleli phaya ejonge kum kanye ngoku, wayelapha ngala ntsasa. Ndalibala ngayo.

129 Ndathi, "Udubulo lwagqabhuka njengenyikima, eyashukumisa phantse yonke into eyayikho esizweni. Andiboni ndlela abantu abanokusinda ngayo kuyo." Ndandisoyika. Ndema ePhoenix, nimamele nonke ngobubusuku ninobungqina. Ndashumayela kwintshumayelo, *Bahlekazi, Leliphi iXesha?* "Kuphi apho sikhoyo?" Ndaya entshona. Abaninzi benu banayo la teyiphu, abaninzi benu bavile ithethwa, unyaka okanye ngaphezulu phambi kokwenzeka.

130 Ndaya entshona, ndingazi okwakuzakwenzeka. Ngenye imini ndabizwa yiNkosi. Ndamxelela umfazi wam, ndathi, "Sthandwa, ndi . . . mhlwawumbi umsebenzi wam uphelile." Ndandingazi. Ndathi, "Ndi . . . uThixo, uThixo mhlawumbi ugqibile ngam ngoku kwaye ndiyakuya eKhaya. Hamba uyokubiza uBilly, thatha abantwana. UThixo uyakunilungiselela, ngandlela ithile. Hamba uphile nyanisekileyo kuThixo. Qinisekisa ukuba abantwana bayaqhubeka nesikolo, bakhulisele ekuhlonipheni uThixo."

Wathi, "Bill, aku—akuyazi ukuba yinyani."

Ndathi, "Hayi. Kodwa umntu akanakusinda kokuya."

131 Ngenye intsasa iNkosi yandivusa, yathi, "Nyukela phaya kuMwonyo iSabino." Ndathatha iphetshana neBhayibhile yam.

Wathi umfazi, "Uyaphi?"

Ndathi, "Andazi. Ndiyakukuxelela xa ndibuya."

132 Ndaya kumwonyo, ndakhwela ndayakutshona apho amakhozi ayendandela khona. Ndandibukele ixhama limi phaya. Ndaguqa phantsi ukuba ndithandaze, ndaphakamisa

izandla zam, iKrele labetha esandleni sam. Ndabhekabheka. Ndacinga, "Yintoni leya? Andikho ngaphandle kwesiqu sam. Nali elaKrele esandleni sam; likhazimla, libengezela, litshawuza elangeni." Ndathi, "Ngoku, akukho bantu kwiimayile kum, kude le apha kulo mwonyo. Ingaba lanto ivela phi?"

Ndeva iZwi, lathi, "Elo liKrele likaKumkani."

Ndathi, "Ukumkani wesithwala-ndwe indoda inekrele."

133 Yena, iZwi, labuya, wathi, "Hayi ikrele likakumkani, kodwa, 'IKrele loyena Kumkani,' iLizwi leNkosi." Wathi, "Musa ukoyika. Kuphela Lutsalo Lwesithathu. Kukungqinelwa kolungiselelo lwakho."

134 Ndandisiya kuzingela nomhlobo, ndingazi okwakuza kwenzeka.

Kwaye othile wandibiza, lowo wayendigxeka malunga nalamfanekiso weNgelosi yeNkosi, lowo wawufotayo. Kwafuneka ndiye eHouston malunga nonyana wakhe, ngokuba wayesiya kwisigwebo sokufa kwaye ezakubulawa kwiintsuku ezimbalwa. Kwaye wadibana nam khona phaya waza wandiwola ngeengalo zakhe, wathi, "Cinga, eyona ndoda endayigxekayo iza ukuza kusindisa unyana wam okuphela kwakhe!" Iqumrhu lobulungisa landinika oko bakubiza i-oscar, okanye nantoni othanda ukuyibiza ngayo, ngokusindisa ubomi.

135 Emva koko sabuyela emva, ndanyukela entabeni ukuya kuzingela. Apho, uMzalwana uFred kunye nam, ngenye intsasa xa ndaphumayo, kwaye sele ndi—ndiyifumene ijavelina yam, kwaye ndajonga ukubona indawo apho zaziye khona. Ndathi, "Mzwalwana uFred, yiya ngaphaya kwalantaba kusasa kakhulu ngoku, malunga nokuqhekeka kwemini, nam ndiyakuya kwenye. Andiyi kudubula kwingulube, andiyi kuyibulala. Kodwa ukuba ziyaqalisa ngalendlela, lamhlambi, ndiyakudubula phambi kwazo emva koko uziqhiwule uzijike."

136 UMzalwana uFred waphuma phaya kwaye kwakungekho mahodi. Wandiwangazelisela ndaza ndambona. Ndehlela emwonyweni, omkhulu othile umsantsa, ilanga laliqalisa ukuphuma. Ndajikela kwelinye icala lenduli, ndingacingi kwanto malunga neziprofeto. Ndahlala phantsi, ndalinda, ndaphumla; ndacinga, "Kwenzeke ntoni kulamahodi?"

137 Ndachola eyam i. . . Ndahlala phantsi njengoko amaNdiya esenza, uyazi, ndagweqa imilenze. Ndajonga kumlenze wam we-ovarolo, nazo iintloko-zenkomo. Ndazincothula. Ndaza ndathi, "Yinto engaqhelekanga! Naku ndilapha, malunga namashumi amane eemayile omntla-mpuma weTucson. Nanko uJoseph wam omncinci ehleli apho endilindile." Kwaye xa ndaqalisa ukujonga, ndabona umhlambi wamahodi uphuma malunga newaka lomgama ukusuka kum, phezulu entabeni, ndalahla phantsi utshungu. Ndathi, "Ndiyakuwafumana. Ndiyakuya kubiza uMzalwana uFred, kwaye ndiyakuxhoma iphetshana

ukwazisa ukuba yeyiphi indlela yokuhamba, kwesi sihlahlana apha, kwaye siyakufumana uMzalwana uFred."

138 Kwaye ndaqalisa ukunyuka intaba, ndibaleka kangangoko ndandinako kwelinye icala. Ngequbuliso, ndacinga ukuba umntu othile undidubule. Andizange ndeva olwahlobo lodubulo; lwashukumisa ilizwe lonke. Kwaye, xa yakwenzayo, kumi phambi kwam yayiziNgelosi ezisixhenxe kwisicuku.

139 Ndadibana noMzalwana uFred kunye nabo, kungekudala emva koko. Wathi, "Ibiyintoni?"

Ndathi, "Ibiyilonto."

"Uzakwenza ntoni?"

140 "Buyela ekhaya. Kuba, ITSHO INKOSI, iimfihlakalo ezisixhenxe ebezifihliwe eBhayibhileni yonke le minyaka, la mahlelo nayo yonke into, uThixo uzakuzityhila zonke ezimfihlakalo zisixhenxe kuthi kuMatywina aSixhenxe."

141 Kwakukho esa sangqa siphuma emhlabeni, njengenkungu iqulunqana. Xa Yakwenzayo, Yaya kutsho entabeni, yaqalisa ukwenza isangqa ngasentshona, kwicala Ibisuka ngakulo. Inzululwazi yafumana Ngayo emva kwethuba, iimayile ezingamashumi amathathu ukuphakama namashumi amabini anesihlanu ukunqumleza, nje kanye ngokwesangqa sepyramid.

142 Kwaye ngenye imini, ndimi phaya, jika umfanekiso uwujongise ngasekunene, kwaye nanko uYesu njengoko wayekwiZigaba zaMabandla aSixhenxe, iwigi emhlophe, ebonisa uBunganga Obunyulu. Ungu Alfa no Omega; UngowoKuqala nowoKugqibela; unguMgwebi onoBunganga wakhe wonke uNaphakade, emi phaya ukuqinisekisa uMyalezo wale yure. Kwaye kuyakubakho ukuKhanya malunga nelixa langokuhlwa! Yintoni emalunga nako? Yayiyintoni?

143 Ndaya entshona. Phezu kwala ntaba ikwanye, ndigqithela phezulu kunye noBanks Wood phaya, ndathi, "Gibisela phezulu ilitye. Ndathi kuMnu. Wood, 'ITSHO INKOSI, uyakubona uZuko lukaThixo.'"

144 Ngosuku nje olulandelayo, ndimi apho, isaqhwithi sehla saqhushumbisa intaba. Amatye asika imiphezulu yemithi yasuka, malunga nesithathu okanye isine seenyawo phezu kwentloko yam. Senza udubulo olukhulu kathathu, baza abazalwana beza bebaleka ngapha. Kwakukho malunga namadoda alishumi elinesihlanu emi phaya, abashumayeli nayo yonke into engenye. "Ibiyintoni?" Wathi, "Ibiyintoni?"

Ndathi, "Umgwebo untlitha uLwandlekazi lwaseNtshona."

145 Malunga neentsuku ezimbini emva koko, inyikima yaphantse yatshonisa i-Alaska. Yintoni ukuKhanya phezu kweSunset Mountain eCoronado Forest ye-Arizona? Yintoni into engaqhelekanga eyenzekayo phezulu phaya, apho abantu ababeqhubela bevela entshona, bechola amatye awayelele

jikelele phaya apho Yantlitha khona? Kwaye onke ngamanye kuwo, ilitye ngalinye, linekona ezintathu kulo, elalikrazulayo Lona. (Ezintathu ziNye.) Bawabeke ezidesikeni, kumaphepha, ukunqumleza isizwe. Yintoni lento ingaqhelekanga phezu kweSunset Mountain eCoronado Forest?

146 UJunior Jackson ephulaphule, uyakhumbula iphupha awabanalo endalitolikayo, "ukuya ngasekutshoneni kwelanga"? Kwaye kwenzeka e "Sunset" Mountain. Kulixesha langokuhlwa, ixesha lokutshona kwelanga. UMyalezo wokutshona kwelanga ngezinto zembali, ngezinto zesiprofeto, gxebe, sizaliseka. Kwaye kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa, phezu kweSunset Mountain eCoronado Forest, amashumi amane eemayile emantla yeTucson. Thatha imap uze ujonge ukuba kukho iSunset Peak phaya. Kulapho ngqo apho yenzeka khona. Andizange ndayazi de kwaba ngamini ithile.

147 Yonke into e...Engasokuze ife. Isoloko Izicombulula. Ukusuka kanye kwinto eyenzekayo, ukuya kumfanekiso obe nguYesu eme ejonge kuthi; kwaye ngoku ngqo eSunset Mountain, kunye nokuKhanya kwasekutshoneni kwelanga. UkuKhanya kwangokuhlwa kufikile, uThixo uzingqinele Yena. Yintoni? Iyinene ukuba uThixo noKristu banye. Oku "mhlophe," bangaphi abakubonileyo, iwigi emhlophe phezu Kwakhe, njengoko sithetha kwiSityhilelo 1? Yabona, Ubunganga bobuThixo, Ubunganga beGunya; hayi elinye ilizwi, hayi omnye uthixo, hayi enye into! "KuYe kuhleli inzaliseko yentloko buThixo ngokomzimba." IiNgelosi ngoKwazo zaziyiwige Yakhe. Amen.

148 Kwenzeka ntoni phezu kweMount Sunset? UThixo eqinisekisa iLizwi Lakhe. Oko yilonto yonke le ngxolo imalunga nako. Qwalasela, nguThixo kwakhona ezalisekisa iLizwi Lakhe lesithembiso, lesiTyhilelelo 10:1 ukuya ku-7, "Ke ngemihla yokuvakaliswa koMyalezo wesithunywa sesixhenxe, imfihlakalo kaThixo iyakugqitywa." Imfihlakalo ezifihlakeleyo zeSityhilelo 10:1 ukuya ku-7, uMyalezo wokugqibela oya kwisigaba sokugqibela sebandla. Izalisekisa ngokuchanekileyo, kwesi sigaba, uLuka oNgcwele 17:30, "Umhla xa uNyana womntu eyakutyhilwa."

149 "Kwaye kuyakuvela abaprofeti bobuxoki nooKristu bobuxoki, babonise imiqondiso emikhulu nezimanga, kude kulahlekiswe naBanyuliweyo ukuba bekunako." Abantu basesentandabuzweni. Kwaye, ngokuqhelekileyo, ibandla libhidakele.

150 Kwaye inzululwazi, kuyo yonke iTucson okwangoku, basabhala iziqwengana bezifaka ephepheni. Emva kude ngaphaya kweMount Lemmon, zona ikhamera ezinkulu zange zilibone Lona liphuma apho sasimi khona; libheka ngaseNtshona, libonisa ukuba ixesha liphelile. Ayinakuya

kuphela yintwanana encinci phaya; ikuLwandlekazi lwaseNtshona. Umgwebo untlithile nje kanye kwindlela elihambe ngayo. Ukunyuka kanye ngaphaya kwePhoenix kunye nokuqhubeka ukunqumleza, ukuya ePrescott nokunqumla iintaba ukuya kuLwandlekazi lwaseNtshona, ukuya kutsho kanye e. . . Zazisiya phi? Kanye phezulu e-Alaska, kwaye uyaduduma, lisiya ngala ndlela.

151 Kwaye abafundi ngesibhakabhaka nabo bonke eTucson basabuza, uphando lwenzululwazi luzama ukufumanisa ukuba yintoni. Iphezulu kakhulu azinakuba yinkungu, umphunga, okanye into engenye phezulu phaya. "Yenziwe yintoni? Iphi apho ikhoyo?" Babhidekile nje sesa Sangqa singaphezu kwendalo sindanda ngaphaya kwesibhakabhaka njengoko babenjalo xa iZazi zeza zilandela iNkwenkwezi, zisithi, "Uphi na Lo uzelweyo uKumkani wamaYuda?" Yayiyintoni? UThixo ezalisekisa iLizwi Lakhe, "Kwaye kuyakuphuma inkwenkwezi kuYakobi."

152 Kwaye uThixo weZulu wathembisa ngexa langokuhlwa eliyakuba nokuKhanya kwangokuhlwa. Kwiminyaka emithathu eyagqithayo le mfihlakalo yayisisiprofeto, "Xesha liphi, Mhlekazi?" Kodwa ngoku yimbali. Igqithile. Isithembiso sizalisekile. Xesha liphi, mhlekazi, kwaye yintoni lomtsalane? UThixo ezalisekisa iLizwi Lakhe! IsekwaNguye izolo, namhlanje, naphakade.

Masithandazeni.

153 Thixo Othandekayo, ndibagcinile abantu ithuba elide, kade kakhulu kunokuba bendifuna. Ndiyathandaza, Thixo, okokuba into ethile ebithethiwe okanye yenziwa eyakubangela abantu ngaphandle naphina baqonde. Kwaye ngokuva nokuqonda babenokukholwa ukuba Wena unguKristu wenyaniso, kwaye naMazwi aqinisekiswayo sisingqinisiso seLizwi Lakhe ligqibelele kwaye lizalisekisiwe kwixesha Lalo.

154 Ngoku, Nkosi Yesu, ukusuka kwaNgaWakho aMazwi, Uthe ihlabathi liyakuba kwimeko yeSodom. Siyakwazi oko, singajonga kuko. Kwaye Uthe, kula mhla, "Njengoko kwabanjalo eSodom." Kwakukho abathunywa abathathu abathunyelwe kwiNtlanga nakwilizwe lamaHebhere. Kwaye omnye wabo, owayenguThixo Ngokwakhe, uNyana womntu, Wazityhila kwisimo somntu waza wenza ummangaliso, wade waxelela u-Abraham into uSara awayeyenza emva Kwakhe ententeni.

155 Uthe iyakuphindwa kwakhona xa ilizwe leeNtlanga likwimeko yaseSodom. Kwaye silapha, Nkosi. Ezinye iziprofeto zingqina kwa into enye, yokuthunyelwa kuka Eliya kwimihla yokugqibela, uMoya ka Eliya phezu komhlaba, ukusa iintliziyo zooyise, okanye, "ezabantwana zibuyele kooyise." Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba le yure Uyakugqinisisa iLizwi Lakho, okokuba Ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade.

Siphe oko, Bawo. BangaBakho bonke. Ndiyathandaza ukuba Uyakunika ngezintsikelelo kwaye ugqinisise oko kuthethiweyo, ngenxa yoZuko lukaThixo. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

156 Ukuthetha ilizwi, ngumntu; ukugqinisisa ilizwi, nguThixo. Ukutsho into, yinto enye; ukuba uThixo ayenze, yenye into. UThixo akadingi nanye itoliki; Uyazenzela utoliko ngoKwakhe Buqu.

157 Ngoku silungiselela ukuba nomgca wokuthandazela, sithandazele abagulayo, uThixo ethandile. Kwaye siyazi ukuba akukho namnye, akukho ndoda, akukho mfazi, akukho mntu, akukho ngelosi, enokukuphilisa, kuba uThixo selekwenzile. Wenza amalungiselelo, kuphela kwento ofanele uyenze kukuyamkela.

158 Akukho ndoda, akukho ngelosi, akukho nto, nkqu noThixo Ngokwakhe, angakuxolela ngenxa yezono zakho. Sele yenziwe. UYesu wayenza eMnqamlezweni. Kodwa ayisokuze ihlume, okanye nantoni, okanye ikuzalele nantoni, ude uyamkele yona. Yabona?

159 Kuphela kwento enokwenziwa, ziziyalelo ezanikezwa nguThixo, zokuba amakholwa abeke izandla kwabagulayo. Oko kube kuzo zonke izigaba bakwenza oko, ngeemvuselelo. Kwaye bayibiza, “Thixo.”

160 U-Abraham wabona imiqondiso emininzi. Kodwa kwaza ixesha apho u-Abraham wabona umqondiso wakhe wokugqibela, nje phambi kokutshiswa kweSodom, kwaye lowo yayinguThixo Ezibonakalisa kwimo yomntu. Niyayikholwa lonto? Ingaba uYesu uthe iyakuphinda?

161 Ngoku, bangaphi abalapha . . . Naphandle kunomathotholo, okanye ngaphandle kwimfonomfono ekunqumlezeni isizwe, ukuba nisaphulaphule, lungelani umthandazo ngoku, thandazani, kunye nani nifumene ezitshefu apha. Ngoku, andinakuxelela uThixo amakakwenze. Hayi, makube le kum nkqu nokuyizama lonto. Uzimele geqe; Wenza oko Akufunayo. Ndingathobela nje kwaye ndingatsho oko Akutshoyo.

162 Kwaye ngoku bame bejikeleze iindonga, baxinanisene, kuminxano. Andazi nokuba singamcela uThixo ngala mazwi, “Yintoni lo mtsalane?” Ukuba uThixo angasinyakamisa kwakhona (kungabakho abangaziwayo apha), anyakame phakathi kwethu kwaye abonise ubuso Bakhe obusikelelekileyo phakathi kwethu, abonise uMoya Wakhe ukuba ulapha, abonise ukuba iseNguye izolo, namhlanje, naphakade, ukuba wonke kuthi (emva kwaleMiyalezo mibini mikhulu) unokukholelwa ukuba injalo? Ningayenza lonto? Kulungile.

163 Endaweni yokubiza umgca wokuthandazela, ngoko; kushushu, kuminxene, nime noyame iindonga. Ndibheka bhekile *ngale* ndlela, ukuze ndibize umgca wam wokuthandazela, ubungenakho ukuyenza lonto; jonga, ndimi phaya. Ndingayibiza

*ngale* ndlela? Izigulane zenu, omandlalo, yonke into, zilele; ubungenakuyenza. Ke hlala apho ukhoyo, uze ukholelwe uThixo. Ukuba unalo ikhadi lokuthandazelwa, libambe, iyakuba yelungileyo. Siyakufikelela kuwe ukuba ufuna ukuza ngomgca. Kodwa akunyanzelekanga ukuba uze ngomgca.

164 La Mnu. Shepherd, kubusuku beCawa ephelileyo, zange aze ngomgca. Andi—andicingi ukuba ebenekhadi lokuthandazelwa. Ingaba uMnu. Shepherd ulapha ngobubusuku? Uphi? Ingaba ulapha? Ungasemva. Ingaba ubunalo ikhadi lokuthandazelwa, Mnu. Shepherd? Ubungenalo? Ebengenalo. Uhleli kanye phaya kwakhona, ngobubusuku. Leya yindawo elungileyo yokuba kuyo, Mzalwana uShepherd.

165 Akudingeki kuphela ubephaya, kodwa yiba nje nokholo. Kuba, khumbula, umfazana omncinci wachukumisa ingubo Yakhe kwaye Yena wakuva oko. Kwaye isekwaNguye izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye incwadi yamaHebhere, kwiTestamente Entsha, yathi UnguMbingeleli Omkhulu ngobubusuku onoku “chukunyiswa zimvakalelo zobulwelwe bethu.” Uyayikholelwa lonto? Yiba nokholo ngoko! Sukulithandabuza Lona. Likholelwe Lona, kwaye iyakwenzeka. Unganako oko uku—ukucelileyo, ukuba ungakholwa Lilo. Kodwa kufanele ukholelwe Lilo. Ningayenza lonto? Ingaba nonke ningalikholelwa Lona? Bangaphi abayakulikholelwa Lona ngoku? UThixo anisikelele.

166 Andazi ngubani ongubani. Andazi namnye kuni. Asiyondaba yam ukwazi namnye kuni. Yindaba kaThixo ukwazi ezi zinto. Kodwa Uyakuyenza ukuba niyaLikholelwa. NiyakuLikholelwa ngoku?

167 Ngoku, Thixo Othandekayo, ngokuqinisekileyo asilogquba lwabuxutywa bamaKristu, asifanele sibenjalo, umntu ofanele ambanjazelwe afekethiswe. Akunalo olwahlobo, Nkosi. Unamakholwa agadalala. Kwa uBukhona bukaThixo kufaka intliziyo yomntu emlilweni. Njengo Abraham, wamkholelwa uThixo. Uzazisile Wena kuye, ngoko Ubonakele kuye kwaye wenza umqondiso, waze wakukholelwa Wena. Wajika umzimba wakhe waba ngumfana omtsha, kunye nomfazi wakhe, ntoleyo, umfazi wakhe wayeyinxalenye yomzimba wakhe. Emva koko kwavela umntwana omtsha, unyana wesithembiso.

168 Thixo, Uthembisile ukuba iyakuba yinto ekwanye kulo mhla. Ndiyathandaza ukuba Uyakuliqinisekisa eli Lizwi. Kwaye siyakwenza kakuhle ngesa sithembiso sinye phaya, esokuba iyakuba njengoko yayinjalo eSodom, nje phambi kokutshiswa kweSodom nokubetha komgwebo eSodom, ilizwe leNtlanga. Ke umgwebo ulungiselela ukuntlitha ilizwe leNtlanga, kwaye amaJuda afumana iminyaka emithathu enesiqingatha ngaphezulu iminyaka ngaso isithuba seMbandezelo enkulu, ingxaki kaYakobi, inkqubekeko yeeveki ezimashumi asixhenxe

zikaDaniyeli. Kodwa, ezeeNtlanga zibaliwe, lixesha lokuhamba. Kwaye Unike la mqondiso, kwaye Uthe uyakubanjalo kwakhona. Siphe kona, Thixo. Bona, sisesandleni Sakho, yenze kuthi njengoko Ubona kufanele. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

169 Ngoku sanukuphakuzela. Ibiyakuba njani ukuba bendiphakuzela? Ngoku, ndenza into apha eyakufanela ixhomekeke kukuzimela geqe kukaThixo. Kodwa kutheni ndisenza oku? Uthe iyakubanjalo. Iyigqibile. Kwaye ukuba Yena Uzenza okuya, uziqinisekisile ngolwahlobo phambi kwenu, ke, aninakho ukukholwa kuYe? Ngokuqinisekileyo. Ungaba nokholo ngoku kwaye ukholwe.

Mandibheka-bheke nje jikelele, ndibone ukuba uMoya oyiNgcwele uyakundikhokelela phi, Uyakwenza ntoni. Andazi ukuba Uyakwenza ntoni, kuxhomekeke kuYe. Kodwa ukuba nje ninokuba nokholo, nikholwe nje, "Zonke izinto zinokwenzeka kwabo bakholwayo." Ingaba nonke niyayikholelwa lonto, phakamisani izandla zenu nithi, "Ndiyakholwa Yiyo." [IBandla lithi, "Ndiyakholwa Yiyo."—Mhl.] Ngentliziyo yam yonke, ndiyaMkholelwa.

170 Ngoku isithathu siyakuqinisekisa, ukuba Uyakuyenza amatyeli amathathu alandelelanayo, ukungqinisisa ukuba Ichanile. Andikhathali apho ukhoyo, ungubani, yiba nokholo nje kwaye ukholwe. Ngoku, su—sukubheka-bheka. *Ngale* ndlela.

171 Nenekazi, elithandazayo, andikwazi. Hlala nje apho ukhoyo; akudingeki ukuba uze. Andikwazi, kodwa ufunqule intwazana encinci esandleni sakho, okanye phezu kwakho. Ndingongaziwayo kwaphela kuwe. Kwaye intombazanana ikhangeleka iphilile, ukhangeleka engaguli. Uyintombi entle kakhulu, intwazana entloko-ibomvu. Ndijonge apha kuyo, akakhangeleki ngathi ukhubazekile okanye nantonina. Andazi okungalunganga kuye. Isenokuba ayibhekiselelanga kuye; ingaba ibhekiselele kuwe. Kodwa kwenzeka nje ndikubone uhleli apho kunye nalamntwana, uthandaza. Ndifanele ndithethe nawe okwethutyana, ukubambisa umoya wakho, njengoYesu watshoyo emfazini, "Ndiphe ndisele," yabona, ukufumanisa—fumanisa nje umntu omnye. UMzalwana uBryant kunye nabo behleli apha, ndiyabazi aba bantu bahleli apha. Banganezidingo, nabo, kodwa wena ungongaziwayo.

172 Uyandikholelwa ukuba ndingumprofeti kaThixo? Ingaba uyazikholelwa izinto ozivileyo ngobubusuku ziyiNyaniso? Ngoku, ukuba uThixo uyakutyhila kum into oyenzileyo, okanye into ethile obungafanelanga uyenzile, okanye into ethile engalunganga ngawe, okanye into oyiyo umnqweno wakho, uyakuyazi okokuba yinyani okanye hayi. Akuyi kwenza njalo? Kwaye ukuba Uyakuyenza lonto, ingaba iyakuqinisekisa iLizwi

Lakhe ukuba iseNguye izolo, namhlanje, naphakade, kwaye uLuka oNgcwele 17:30 utyhiliwe? Uyakuyikholelwa Yona?

173 Ngoku, inenekazi liphakamise isandla salo okokuba singabangazaniyo. Andikwazi, kodwa ndizama ukuqhagamshelana nomoya wakhe, umntu omnye. Kukho abaninzi benu abatsalayo. Ngoku, uyayikholelwa Lento ngentliziyo yakho yonke.

Ngoku, iyeyentwazana. Asiyoyakho. Uphakuphaku, kodwa asibobuphakuphaku obukukhathazayo. Into enkulu entliziyweni yakho yilantombi incinci. Kwaye uyakholelwa ukuba uThixo angandixelela ukuba yintoni? Uyayikholelwa? Ingaba ingakunceda, ingaba uyakuyikholelwa ngoko? Kukulimala kobuchopho. Injalo lonto? Ngoko beka isandla sakho entlokweni yomntwana omncinci; isandla sakho.

174 Thixo Othandekayo, Uthe, "Le miqondiso iyakulandelana nabo bakholwayo. Bayakubeka izandla zabo kwabagulayo, kwaye bayakuphila." Umfazi likholwa. Isandla sakhe siphezu komntwana. Yanga ingaphila. EGameni likaYesu Kristu, ndenza lomthandazo. Amen.

175 Ngoku niyakholwa, nonke? Ukuba ningakholwa, zonke izinto zinakho ukwenzeka. Ngokuqinisekileyo!

176 Ndiyalazi inenekazi elihleli ecaleni kwakhe, kodwa ujonge ngokunyanisekileyo ngale ndlela. Andinakho ukulibiza igama lakhe, kodwa ndi . . . Ukuba ndijonga kuye umzuzu, ndiyakumazi. Kodwa ndiyamazi umfazi ngenkangeleko, kodwa andiyazi ingxaki yakho. Ingaba uyakholwa ndi . . . UThixo uyakundazisa ukuba ingxaki yakho yintoni? Uyakuyenza . . . Ingaba iyakukunceda? Iswekile. Ngoku, ukuba oko kunjalo, bamba isandla sakho. Ngokuqinisekileyo!

177 Kwenzekile ibe linenekazi lingqengqile . . . lihleli ecaleni kwakho, linento ekwanye. Lingongaziwayo. Elinye inenekazi lithandazela omnye umntu, umntwana okhubazekileyo. Ingaba uyakholelwa ngentliziyo yakho yonke, uThixo uyakukunika.

178 Umntu emva apha. Indoda ihleli ngaphaya, izama ukohlukana nokutshaya imidiza. Uyakholwa uThixo uyakuyisusa kuwe? Kulungile. Uyakholwa? Ungakufumana. Andizange ndiyibone indoda ebomini bam.

179 Nantsi indoda. Uyalibona elathunzi lindanda phezu kwale ndoda kanye apha elele kwenje ngomandlalo, okanye isitulo? Iyafa. Isityekelwe. Inomhlaza. Andiyazi indoda, zange ndayibona. UThixo wazi konke malunga nawe. Oko yinyaniso, mhlekazi. Ingaba uyakholelwa ukuba uThixo angandixelela into ethile malunga nawe? Ingaba iyakunceda ukuba ufumane impiliso yakho? [Umzalwana uthi, "Ewe, ndenza njalo."—Mhl.] Ubuziswe apha sisihlobo. Kodwa akusuki apha, usendaweni ethile apho kukho isiqu esikhulu samanzi abathi abantu balobe kuwo. ["Ehe."] Ehe, e-Albany, eKentucky. ["Injalo lonto."] Injalo

lonto. Kholwa, kwaye ungagoduka, uphilile. Kholelwa ukuba imkile. Ukuba uyakuYikholelwa! Kufanele uYikholelwe, kwaye ukholelwe ukuba kwenzekile kuwe. Uyayikholelwa?

180 Wena, osuka eTennessee, unomntwana onesifuba. Akakho apha, kodwa ingaba uyakholelwa ukuba uyakuphiliswa? Ngoko thatha itshefu yakho, eyakho. . .esandleni sakho apho, uyise kuye. Uyakuphiliswa ukuba uyaYikholelwa.

181 Inenekazi elililayo, lihleli ekunqumleni ukusuka kuGqirha Vayle phaya. Lisityekelwe, nalo, lithunzi elimnyama. Andizange ndabmona umfazi ebomini bam, kodwa unomhlaza. Uzakufa ukuba akukho nto yenziweyo ngaye. Uyakholelwa Uyakuphilsa, nenekazi? Unganakho? Unganayo impiliso yakho, ukuba nje ungakholwa.

182 Kukho inenekazi elincinci elihleli kanye emva kwakhe linetshefu phezu komlomo walo. Nalo ligula ngezilonda zesilonda sesisu, uyagula. Ubunamaxesha okucinyelwa zizibane, umfameke, uwe. Umntu othile ukuzise apha. Unengxaki yobufazi. Ukuba ungakholwa, ungagoduka, uphilile.

183 Wena, mfana omncinci, ungongaziwayo; ohleli kanye apha phambi kwam, ejonge kum. Uyintoni, uMputo Rika okanye into ethile? Ehe, into endithetha yona,. . .?. . .! Ndingongaziwayo kuwe. Uyayazi lonto; awungowakulizwe lam. Kodwa uyakholwa ukuba uThixo angakunika umqweno wentliziyo yakho? Xa ndingakuxelela okungumnqweno wakho, ingaba uyakuyamkela? Ufuna ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Yinyani leyo. Yamkela uMoya oyiNgcwele, mzalwana wam.

184 Nantsi indoda yebala ihleli emva kude apha, inomthwalo entliziyweni yayo. Ingomfazi wayo. Akakho apha, kananjalo. Unengxaki malunga neenyawo zakhe. Uyakholelwa Uyakumphilisa? Unjalo? Ungongaziwayo apha. Usuka ngaphaya kolwandle. Ungowase Jamaica. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba ungubani? Mnu. Brady. Uyakholwa? UYesu Kristu isenguye izolo, namhlanje, naphakade.

185 Eli nenekazi lihleli ngasemva ngaphaya *koku* kuphela, ngasecaleni koNksk. Wright phaya, unomthwalo entliziyweni yahe. Uyathandaza ngentombi yakhe. Izakuya kutyando. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, ngaye? Akayi kuyidinga ukuba ungamenza akholwe Lilo. Andinakumphilisa.

186 Emva kakhulu ezintsaneni, ndibona uMoya weNkosi, Ingelosi, ukuKhanya kushukuma ezintsaneni. Kuphezu komfazana omncinci, kwaye unengxaki yokomoya akhathazeke ngayo. Kukhangeleka ngathi kufanele ndiyamazi umfazi, ngandlela ithile, umfazana omncinci. Naye unophazamiseko lobufazi. Ewe. Igama lakhe nguNksk. West, osuka e-Alabama, Nksk. David West. Kholwa; uThixo uyakukunika.

187 “Kuyakubakho ukuKhanya, kwaye ngalo mhla xa uNyana womntu etyhilwa.” Ukuba lowo ayingoYesu Kristu okwanguye

izolo, namhlanje, naphakade, andazi nto malunga Nawo. Uyakholelwa kuLonto? Zonke izinto zinokwenzeka kwabo bakholwayo.

188 Ngaphandle kwimiboko ngaphaya kwemihlaba ngoku, kunye nakulo mnquba, bangaphi kuni abayakuphakamisa izandla zenu bathi, "Ndilikholwa"? Ngoku, nina abaphandle phaya emabaleni, wonke uphakamise izandla, apha. Nangaphandle, ngaphaya ndaweni ithile ngapesheya ukunqumleza isizwe, niphakamise izandla zenu, akukho mathandabuzo. Ngoku valani amehlo enu, hliselani nje izandla zenu phezu komntu osecaleni kwakho. Bamba izandla zabo. Nizibeka phezu kwamagxa abo. Ndinezandla zam kwiitshefu. Jonga okwenziweyo namhlanje! Jonga okwenzekayo ngoku.

Khangela ubuso Bakhe obunyulu
Bukhazimla luthando oluNgcwele;
Asikelelekileyo amadlelane obabalo Lwakhe,
Njengamatye anqabileyo kwisitshaba Sakhe.

Ngoku thandaza. Masithandaze, ndaweni yonke.

189 Thixo Othandekayo, iyure ifikile. Kuthetha ntoni oku? UThixo ezalisekisa iLizwi Lakhe! Yintoni umtsalane, Nkosi? NguThixo ezalisekisa iLizwi Lakhe. Yintoni le ekunqumlezeni isizwe, ngoqhagamshelwano lwemfonomfono, lamakhulu abantu banezandla zabo zibekwe phezu komnye ukunqumleza isizwe, ukusuka kulwandle ukuya kwelinye, ukusuka eMantla ukuya eMazantsi, eMpuma ukuya eNtshona? Naku kuhleli abantu apha abasuka kumazwe angaphandle, kwiziwe ezininzi, Mexico, Canada, kwaye sinezandla zethu zibekwe phezu komnye. UThixo ezalisekisa iLizwi Lakhe!

190 Yenzeka njani into yokuba umntu ame apha ngoMoya oyiNgcwele aze abize umntu njengoko Wenzayo kuSimon Petros, "Igama lakho nguSimon, ungunyana kaYona"?

"Yiya kubiza indoda yakho ize apha."

"Andinandoda."

"Inyaniso. Ubunamahlanu."

191 Yathi, "Ndiyazi ukuba uMesiya uyeza ukuzokwenza oku, kodwa uNgubani Wena?"

Wathi, "NdiNguye."

192 Kwaye iseNguwe izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye Uthembisile, "Imisebenzi Endiyenzayo niyakuyenza nani. Nengaphezulu koku niyakuyenza, ngokuba Ndiya kuBawo." "Kwaye, bonani, kwimihla yokugqibela Ndiyakunithumelela u-Eliya, umprofeti, kwaye uyakuguqula iingcingane zabantu, ajike iintliziyo zabantwana azise kwiMfundiso yeBhayibhile yabapostile." "Kwaye kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa."

193 Naku silapha, Thixo omkhulu waseZulwini! Iyure ilapha! Izandla ziphezu kwabantu.

194 Sathana, woyisiwe. Ulixoki. Kwaye, njengomkhonzi kaThixo, kwaye nje ngesicaka, siyakuyalela okokuba eGameni likaYesu Kristu, ukuba uthobele iLizwi likaThixo, uphume ebantwini, ngoba kubhaliwe, "EGameni Lam bayakukhupha iidemoni."

195 Kwaye bonke abantu bangakhululeka. Siphe, Thixo Othandekayo. UnguThixo weZulu oweyisileyo, la mhla ngomtsalane eNtabeni iKalvari, konke ukugula nezifo nayo yonke imisebenzi kamtyholi. UnguThixo. Kwaye abantu baphiliswe ngemivumba Yakho. Bakhululekile. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

196 Thixo, zonke iitshefu ezibekwe apha, ngelixa uMoya kaThixo ukhoyo, ngelixa intambiso kaYesu Kristu iphezu kwabantu, kwaye imiqondiso emikhulu athe Wayithembisa iyazalisekiswa, kwaye umhlaba uyangcangcazela, iinyikima ziyenzeka, imiqondiso emikhulu Ayixelileyo, kwaye neziBhalo ziyazaliseka, nokuKhanya kwangokuhlwa kukhanya. Ndibeka umzimba wam phezu kwezitshefu, zimele lomzimba wonke wamakholwa asuka eMpuma, eNtshona, eMantla, noMzantsi; sithi kumtyholi, "EGameni likaYesu Kristu, mka kuso sonke isigulana ezithe zabekwa phezu kwazo," ekuhlonipheni nozuko lweLizwi likaThixo. EGameni leLizwi likaThixo, uYesu Kristu wase Nazarete. Amen.

197 Ngoku, ngokuzola, ngesithozela, ngokuzinza, kunye nasezingqondweni zenu ezilungileyo, njengamakholwa, ingaba ngoku niyakholwa kwaye namkela impiliso yenu kuThixo uSomandla, eGameni likaYesu Kristu? Ukuba niyayenza, phakamisani izandla zenu. Konke emabaleni, phakamisani izandla zenu phandle phaya. Wonke umntu apha, kude kangangoko ndinokubona, baphakamise izandla zabo; ngaphakathi, ngaphandle, ekwayameni iifestile, eminyangweni, ezintsaneni, najikelele kwindawo yonke, abantu bephakamise izandla zabo. Bayayamkela Yona. USathana woyisiwe! Imivumba kaYesu Kristu iniphilisile, kwaye uBukhona bukaYesu Kristu bungqinisa into yokuba Uyaphila namhlanje, esoloko enakho ukugcina sonke isithembiso Asenzileyo. Amen! Ndiyamkholelwa Yena. Aninjalo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

198 Ngoku masime ngenyawo. EGameni leNkosi uYesu, namkele yonke into eyenziweyo okanye ethethiweyo, siyamthanda Yena ngazo zonke iintliziyo zethu. Simxabisile Yena ngako konke okukuthi. Ngoku nisaya kumakhaya enu ahlukeneyo ukusuka ngobubusuku, uThixo ahambe nani. UThixo aninike uMoya oyiNgcwele ukuba aninaye uMoya oyiNgcwele.

199 Yonke indoda, umfazi, inkwenkwe, okanye intombi, apha, engabhaptizwanga eGameni likaYesu Kristu, nazi

iimpahla, iqula. Sukuyidukisela ungomso into onokuyenza namhlanje. Ungomso angashiywa lixesha. "Banele namhlanje, obanamhlanje, ububi." Kukho abalungiseleli abamileyo, belindile, impahla zilindile. Akukho kuzithethelela. Nilindile? Ukuba ninjalo, niyakholwa. Nokuba ububhaptizwe njani, watshizwa, wagalelwa, nokuba yintoni, yimposiso. UkuKhanya kufikile. Yiza, kholwa, uze ubhaptizwe.

200 Wonke ongenaMoya oyiNgcwele, ningamamkela uMoya oyiNgcwele, nonke kuni, kubunyulu bobuNgcwele bamandla kunye nothando athe Wanithembisa, ukunenza izidalwa ezintsha kuYe. UThixo anisikelele.

201 Ngoku, de kube yiCawa ezayo kusasa ngecala emva kweyesithoba, masicule lengoma incinci esasifudula ukuyicula kwiminyaka egqithileyo.

Sukulibala umthandazo wosapho,
UYesu ufuna ukudibana nawe phaya;
Uyakuthatha lonke ixhala lakho,
Sukulibala umthandazo wosapho.

Masiyicule sonke ngoku.

Sukulibala umthandazo wosapho,
UYesu ufuna ukudibana nawe phaya;
Uyakuthatha lonke ixhala lakho,
Owu, sukulibala umthandazo wosapho.

202 Ngoku njengoko siyicula kwakhona, xhawula isandla kunye nomphambukeli osecaleni kwakho, bona, njengoko siyicula.

Sukulibala umthandazo wosapho,
Owu, uYesu ufuna ukudibana nawe phaya;
Uyakuthatha lonke ixhala lakho,
Owu, sukulibala umthandazo wosapho.

203 Animthandi Yena? Ndiyamthanda Yena. Ndiyamthanda Yena kuba Wandithanda kuqala kwaye wathenga usindiso lwam (oko yayingumtsalane) eNtabeni yeKalvari. Umtsalane okwamnye eSunset Mountain, iNtaba yeNebho, iNtaba yeSinayi, onke lamava ahlukeneyo emiphezulu yentaba. Ngoko, kulungile, masiyicule ngoku.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Wathe-. . . usindiso
Emthini weKalvari.

204 Bonke abamthandayo Yena, yithini, "Amen." [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Makubenjalo! Ngoku cinga nje ngoko Akwenzele kona; cinga, ubunokuba phaya phandle kumagumbi emidaniso ngobubusuku. Mhlawumbi ubunokuba sengcwabeni njengoko bekufanele ndinjalo, ngaphandle kweenceba zikaThixo. Ukwenzele ntoni Yena? Owu, singayeka njani

ukumthanda Yena? Akwenzi mahluko nantoni nabani ayitshoyo, Ungowokuqala.

205 Masivale amehlo ethu, sithobise iintloko zethu njengoko siyicula kuYe ngoku. Uyazithanda iingoma, ukucula amaculo. Masiyicule ngoku kuYe.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Wathenga usindiso lwam
Emthini weKalvari.

206 Ngeentloko zethu neentliziyo zethu ziqutyudiwe eBukhoneni Bakhe, sinombulelo ngoko amehlo ethu akubonileyo, oko iindlebe zethu zikuvileyo, okubhaliweyo eLizwini likaThixo, oko isithembiso Sakhe besikuko kuthi namhlanje. UThixo anisikelele.

207 Sino—nondwendwe elinathi ngobubusuku, umzalwana, uNed Iverson, ngaphambili ebengumlungiseleli waseRhabe. Uyise, abantakwabo, ngabalungiseleli baseRhabe. Yena, ndiyaqonda, ebebhaptiziwe namhlanje, kwakhona, eGameni likaYesu Kristu. Ungumlungiseleli, obalaseleyo kulonto. Kwaye ngoku ndizakumcela, njongoko ndikholwa ukuba ungumkhonzi kaThixo, acelele iintsikelelo elibandla kuThixo njengoko nisiya emakhayeni enu.

208 Mzalwana uIverson, yiza ngaphambili, ngelixa sineentloko zethu ziqutyudiwe emthandazweni. UThixo akusikelele, mzalwana wam.

